**Iziqulatho**

Iziqulatho Iphepha

**Ukungathembi kwamaKhristu……………………………………………….**
**Izibhalo njengemithombo yeenkolo zethu…………………………………….**
INTO NGANYE NGENDAWO YAYO……………………………………………
UKUTYHILWA KWE'KUR'ÂN KWIMINYAKA ENGAMAKHULU AMATHANDATHU EMVA KWEBHAYIBHILE……………………………………
INGABA UYESU WAYETHE UNGUMPROFETI WOKUGQIBELA KUSINI NA?............
AKAKHANKANYWANGA EBHAYIBHILENI…………………………………….
**NGUBANI UMUHAMMAD?....................................................................................**
**EYONA NDLELA IGUNYAZISIWEYO YOKUHLUZA ABOKWENENE KWABOBUXOKI….**
UMTHI NEZIQHAMO ZAWO……………………………………………………..
UKUPHUCULWA KWESIZWE………………………………..............................
UYESU NGOWAMAYUDA ODWA……………………………………………
UMPROFETI WEHLABATHI………………………………………...…………….
MAYELA NOKUPHUMA EMLONYENI WENDODA NGOKWAYO……….......
NEZINYE IZIZWE ZIYAMENYWA……………………………….……………….
I-ISLAM ISOLOKO IYINKOLO YABANYE ABANTU……………………………
NDIM INDLELA, NDIM INYANISO NDIM UBOMI……………………………….
UKWENZIWA UTHIXO KUKAYESU…………………………………………….
IMIMANGALISO ISIZATHU SOKWENZIWA UTHIXO…………………………...
IINTETHO ZOBUXOKI NGEISLAM……………………………………………….
ULUHLU LWEENCWADI EZISETYENZISIWEYO………………………………...



شبكة الألوكة - قسم الكتب

www.alukah.net
شبكة الألوكة

# Intshayelelo

Iindumiso zonke mazibe kuAllâh, iNkosi, uMlondolozi wamazwe ngokundinika eli thuba lokuba ndibe nako ukubhala le ncwadana esekelezelwe ekwaziseni i-Islam ebantwini kwanokuba ibonise indlela kubantu benkolo yobuKhristu abangakholwayo kuMuhammad, wanga uAllah angamsikelela ampumlise ngoxolo, yena wafika njengenceba kaThixo ebantwini bonke emva koYesu Khristu, uxolo lube phezu kwakhe.

Ukuba le ncwadi ingathi ifundwe kakuhle ngengqondo ephangalaleleyo, engathathi cala, iya kutyhila kumfundi iinyaniso ezintsha ezingenakuphikiseka lo gama kwangelo xeshalinye iya kusubenza njengencwadi yokungqinisisa nesixhobo anokuzikhusela ngaso amaMuslim ngokuchasene namaKhristu asoloko eminyangweni yawo ewamemela ‘kuSindiso’. Iya kuthi kananjalo yomeleze ukholo lwamaMuslim kuMuhammad, lwanga uxolo neentsikelelo zikaAllah zingaba phezu kwakhe.

Incwadi le ubukhulu becala ingokubonisa amaKhristu nabanye abantu ngokubanzi okokuba oyena mntu wayethunyelwe ehlabathini lonke enyanisweni yayinguMuhammad, wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolok, hayi uYesu Khristu, uxolo lube phezu kwakhe.

Ndiyathemba okokuba umfundi uya kuyifumana inika imbadla[1] yaye ukuba ngaba umntu uthe wayifumanisa ineempazamo okanye ucaphulo gwenxa lwalo naluphi na uhlobo, makancede enze oko kube nokwazeka  kum ukulungiselela okokuba zibe nokulungiseka iziphene ezo kushicilelo olulandelayo  lwale ncwadi.

Wanga uAllâh Angasikelela Akhokelele endleleni yaKhe bonke abafundi bale ncwadi andixolele nam ngeziphoso zam.
Makube luxolo.

Imaam Ismaaeel Ngqoyiyana

O21 365 3824
082 947 2598
083 741 9047

Cape Town

South Africa

[1] Imbadla yintetho enika ingqondo, yinto ebhadlileyo (sensible) kodwa namhlanje abantu abatsha eli gama lithi imbadla balijike lathetha itheko okanye isiyolo (party).



شبكة الألوكة - قسم الكتب

UKUNGATHEMBI KWAMAKHRISTU

Ngokokutsho kwabantu abaninzi kumaKhristu, amaMuslim akakholwa kuYesu uKhristu. Siye safikelela kolu luvo emva kwamadliwano ndlebe amaninzi esiye sawababamba kunye nawo. Kwixesha elidlulileyo sibambe iingxoxo ezininzi namaKhristu, kwezo ngxoxo sibhaqe okokuba uninzi lwawo luyawoyika amaMuslim nenkolo yeIslam yaye abayithembanga, bethintiliza nokuthintiliza ukuba nothethathethwano namaMuslim kodwa kwangelo xesha linye bawacingela ukuba alahlekile yaye adinga isikhokelo. Bakhona abanye phakathi kwabo abade babe nokugqithisa kolu luvo lwawo lugwenxa, bawabize amaMuslim ngokuba 'ngabachasi-Khritu.' Le ncwadana, uThixo Ethandile, iya kuthi ibonise okokuba uMprofeti owayethunyelwe kubantu bonke yayingengoYesu koko yayinguMuhammad, lwanga uxolo neentsikelelo zikaAllâh zingaba phezu kwakhe,. Nokucacisa kananjalo eyethu imbono ngokubhekiselele kuYesu Khristu.

IZIBHALO NJENGEMTHOMBO YEENKOLO ZETHU

Oku siya kukwenza ngokuthi siphengulule iziBhalo, iBhayibhile kunye ne‘'Kur'ân eNgcwele kwakunye neemfundiso okanye izithethe zabaProfeti. Imele ukukhankanywa neyokuba iBhayibhile ngumqulu oqulethe ilizwi likaThixo, iintetho zabaProfeti nengcaciso yababhali bembali ababengabantu ababengaphefumlelwanga nguThixo bona lo gama yona i‘Kurân iqulethe ilizwi likaThixo kuphela ize kwezinye iinguqulelo ibe nengcaciso okanye iimbono zabaguquleli kodwa zona ziba sekupheleni kwephepha okanye ekugqibeleni kwencwadi. Kwi‘'Kur'ân amazwi omcacisi akadityaniswa namazwi ayingqobo ye‘Kurân wona lawo angamazwi kaAllâh, ukusuka apho wona abhalwa wodwa angadibani nawe‘Kur'ân ukubonisa kumlesi okokuba akayonxalenye yamazwi ngqobo e'Kur'ân. Ngaphaya koko i'Kur'ân yi'Kur'ân ngolwimi lwesiArabhu hayi kwinguqulelo. Inguqulelo ye'Kur'ân yalo naluphi na ulwimi yindlela nje yokuqondisa intsingiselo esondeleyo koko kuthethwa yi'Kur'ân kodwa ingeyonguqulelo ngqo echanekileyo yoko kutshiwo nguAllâh kwi'Kur'ân ngesiArabhu.
Ndifung'uThixo, asizimiselanga kunyasha okanye ukuthuka abo balandela ubuKhristu konke konke. Ukuba ngaba nantoni na esiza kuyithetha okanye esele siyithethile kule ncwadi ivakala ngathi kukunyasha okanye ukuthuka umfundi uya kunceda asixolele sithi ngxe kwangaphambili, ibe ingakhange ibe yinjongo yethu leyo. Nangona sizimisele ukucacisa ngokuthembakeleyo ivesi nganye esiza kuyicaphula apha ngendlela engenabatha kangangoko sinako, siyayiqonda yona into yokuba ibandla ngalinye kumaKhristu linendlela yalo yokutolika iBhayibhile, kananjalo ibandla ngalinye lizicingela ukuba lilo lodwa elifanelwe kukutolika iBhayibhile kananjalo ibandla ngalinye (ingakumbi amabandla eevangeli) lizicingela ukuba lilo lodwa elinesipho soMoya oyiNgcwele

INTO NGANYE NGENDAWO YAYO

Singathanda ukuyikhankanya nayo kumlesi into yokuba kwiIslam izinto zibekwe ngokweendawo zazo, uThixo nguThixo neenqobo zaKhe zobuThixo baKhe, Wenza izinto zobuThixo. Yena nguMdali akangomzali, Akakhe Ehle Azithobe Abe

kumgangatho wokuba ngumntu, Yena Akakhe Afunyanwe kukufa, uThixo Akafi, yiyeke into yeemini ezintathu nobusuku obuthathu njengoko amaKhristu esitsho, Yena akafi nomzuzwana omnye, umntu neenqobo zakhe zokuba ngumntu, uzala abantwana aze afe kuba eza kuphinda abuye avuswe nguThixo ngenye imini. Amazwi kaAllâh kwiIslam akasoze axutywe namazwi abantu. Iincwadi eziqulethe iimfundiso okanye iintetho zoMprofeti uMuhammad, wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolo, zibizwa ngokuba ziiAhâdîth, amazwi aziihadîth abhalwe wodwa ahlulwa kwi'Kur'ân elilizwi likaAllâh. Ngelishwa ke kwiBhayibhile, yonke into idityaniswe nelizwi likaThixo, yaye amathuba amaninzi ukuba akusoloko kunjalo maxa onke, kuba nzima kumaKhristu ukuba ahlule yaye uninzi lwawo asoloko eqinisekile ukuba, yonke into eseBhayibhileni ililizwi likaThixo equka neeleta ezo zikaPawlos na kakade wayezibhalela amabandla ngamabandla wakhe, lo gama oku kungenjalongo. Ukuyicacisa le nto; funda oku kulandelayo:

*"UThixo wawathetha ke onke la mazwi, wathi: 'NdinguYehova, uThixo wakho, owakukhupha ezweni laseYiputa, endlwini yobukhoboka. Uze ungabi nathixo bambi ngaphandle kwam.'"*
(IEksodus 20 ivesi 1-3)

La mazwi eBhayibhile angentla apha abhalwe ngqindilili kuthiwa ngakaThixo, ngoko ke siza kuthi kuthetha uThixo.

Avakala njani wona amazwi kaYesu? Amazwi kaYesu ngala alandelayo: *"Abo bashumi linababini wabathuma uYesu, akuba ebayalile, wathi, 'Ze ningangeni endleleni yeentlanga, ningangeni nasemzini wamaSamariya; yiyani ke kanye kwizimvu ezilahlekileyo zendlu kaSirayeli.'"*
(UMateyu 10 ivesi 5)

Nalapha kwakhona amazwi kaYesu enziwe ngqindilili kodwa ke mlesi othandekayo la mazwi akafumaneki eBhayibhileni enziwe ngqindilili, ndiwenze angqindilili nje kuba ndifuna ukubonisa wena umahluko phakathi kwawo namazwi wombhali wembali, khona ukuze ubone le nto ndizama ukuyiphuhlisa

Umzekelo wamazwi omntu afumaneka eBhayibhileni ngala alandelayo yaye andiwenzanga ngqindilili ngoku: "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo.Yena lowo ebekho ekuqalalekeni kuThixo..."

(UYohane ivesi 1-3)

Nangona la mazwi omntu, eziivesi zeBhayibhile yamaKhristu ahlala ephindaphindwa rhoqo ekwenziweni kukaYesu uThixo, wona ngamazwi omntu ongaziwayo, akangomazwi kaThixo engengawo namazwi kaYesu. Kunzima nokuba singathi ngawakhe noYohane lowo na kakade kuba zonke izifundiswa ezikhulu zenkolo yobuKhristu zithi la mazwi ngawomYuda othile ogama linguPhilo waseElexandria, owayewatolike kwimibhalo yeefilosofa (philosophers) ezaziphila kwiminyaka engamakhulu amahlanu eyadlulayo bengekazalwa nokuzalwa uYohane umvangeli noYesu, abe yena uPhilo lowo engazanga abange kuphefumlelwa nguThixo ngawo. (The New Encyclopedia Britannica, vol. 7, p. 440).

Masiyiyeke apha le nto kuba kakade eyona njongo yethu enkulu enyanisweni kukubonisana namaKhristu senze kucace kuwo nasebantwini ngokubanzi okokuba uMprofeti uMuhammad, wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, wayengenguye nje omnye wabaProfeti abakhulu kuphela koko Yena nguye kuphela owayethunyelwe ehlabathini lonke hayi uYesu, uxolo malube phezu kwakhe owayethunyelwe kumaSirayeli kuphela.

UKUTYHILWA KWE'KUR'ÂN KWIMINYAKA ENGAMAKHULU AMATHANDATHU EMVA



شبكة الألوكة - قسم الكتب

www.alukah.net

KWEBHAYIBHILE

Kwiindibano zethu ezininzi namaKhristu angafuniyo ukwamkela uMuhammad njengoMprofeti kaThixo, owayethunyelwe kubantu bonke ehlabathini sisoloko sixelelwa okokuba iBhayibhile yatyhilwa ngaphambili kune‘Kurân yaye i'Kur'ân yatyhilwa kuphela kwiminyaka engamakhulu amathandathu emva kweBhayibhile, ngoko ke ngokokutsho kwawo, i'Kur'ân ayinakuba lilizwi likaThixo ngenxa yokuba yatyhilwa mva kuneBhayibhile.
Impendulo yethu kule nto kukuba, ayingoThixo, ingenguye noYesu owanika amaKhristu le ndlela yokuhlela iziBhalo. Yaye asivumelani konke konke nendlela yenkcaso abayijonga ngayo i'Kur'ân noMprofeti wethu oNgcwele uMuhammad, wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo. Ukuba singasebenzisa le ndlela kubo bonke abaProfeti bobuKhristu, inene abaninzi kubo bangaba ngabobuxoki oko kuquka noYesu lowo na kakade abambiza ngokuba ‘yiNkosi’, umzekelo, ngokokutsho kwababhali bembali bamaKhristu, uAbraham ungaphambili kuMoses ngeminyaka engamakhulu amathandathu kuba wayephila kwiminyaka engamawaka amabini phambi kokuzalwa kukaYesu. Ingaba ke ngoku esi sithuba seminyaka engamakhulu amathandathu phakathi kwabo imenza uMoses abe ngumprofeti wobuxoki? Andicingi njalo. UMoses weza neNcwadi kaThixo ebizwa ngokuba yiTorah, eziincwadi ezintlanu ezaziwa ngokuba yiGenesis, iExodus, iLevitikus, iNumeri, neDuteronomi, yaye zizonke ezi ncwadi zenza isahlulo sokuqala seBhayibhile. Okumangalisayo kuyakholelwa kuzo yaye ziyafundwa ezicaweni nasezindlwini zezikhungu lo gama uMprofeti uAbraham noMprofeti uMoses beshiyana ngesithuba seminyaka engamakhulu amathandathu phakathi kwabo.

Kwiminyaka eliwaka phambi kokuzalwa kukaYesu, uMprofeti uDavide wazalwa. Isithuba phakathi koMoses noDavide yiminyaka engamakhulu amane. UDavide weza nencwadi kaThixo ebizwa ngokuba ziiNdumiso. Incwadi yeendumiso siza kuyithabatha ukuba yeyobuxoki ngenxa yokuba yafika emva kwamakhulu amane eminyaka emva kweTorah kaMoses? Nakanye. Isithuba phakathi koMprofeti uDavide noMalaki uMprofeti wokugqibela weTestamente eNdala yiminyaka engamakhulu amahlanu anamashumi amahlanu, kuba kaloku wazalwa kwiminyaka engamakhulu amane anamashumi amahlanu phambi kokuzalwa kukaYesu. Incwadi yokugqibela yeTestamente eNdala njengoko sele sitshilo ngentla apha yekaMalaki, asizi kuyifunda ke ngoku ngenxa yokuba yatyhilwa kuMalaki kwiminyaka engamakhulu amahlanu kude kudala sele wafayo uDavide? Akuyombadla[2] ukucinga ngolu hlobo. Kwakhona kwiminyaka engamakhulu amane anamashumi amahlanu emva koMprofeti uMalaki, uYesu unyana kaMariya wazalwa, weza neVangeli. Siza kuyala iVangeli kaYesu ke ngoku ngenxa yokuba yatyhilwa kuye kwiminyaka eliwaka elinamakhulu amane emva kweTorah, kwiminyaka eliwaka emva kweNcwadi yeendumiso, iminyaka engamakhulu asixhenxe anamashumi amahlanu emva kwencwadi kaIsaya neminyaka engamakhulu amane anamashumi amahlanu emva kwencwadi kaMalaki? Iya kuba kukungaqiqi kuthi ukwenza into enjalo.
Ukuba siyayamkela iVangeli eyatyhilwa kuYesu kwiminyaka eliwaka elinamakhulu amane emva kweTorah, kutheni singazi kuyamkela i'Kur'ân eNgcwele ngenxa yokuba yatyhilwa kwiminyaka engamakhulu amathandathu emva kweVangeli? Asizami kubuza

[2] Imbadla yinto okanye intetho okanye ingcinga enengqondo.



شبكة الألوكة - قسم الكتب

ukuthembeka kobulumko bukaThixo uSomandla Owathumela bonke abaThunywa baKhe ngamaxesha akhethwa nguYe? Okanye sizama ukuthi kwakutheni na uThixo Angabathumeli bonke abaThunywa baKhe ngaxeshanye? Ukuba ngaba amaKhristu ayalungisa ngokungayamkeli i'Kur'ân namaYuda amalayo uYesu**,** ayelungisa, kuba uYesu wazalwa emva kweminyaka eliwaka elinamakhulu amane emva koMoses, kaloku amaYuda amala uYesu ebanga ukuba wona angabafundi bakaMoses (Yohane 9 ivesi 28). Ngoku namaKhristu enza into ekwanjengaleyo kuMuhammad, wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolo, eyayisenziwa kuYesu ngamaYuda. Asinako ukububuza ubulumko bukaThixo. Singasuka nje sibuze ukuqaqadeka kwethu nokuba lukhuni kweentliziyo zethu. Izithuba eziphakathi kwabaProfeti zona aziyiyo tu enye yeenqobo zokufumanisa okokuba uMprofeti othile nguMprofeti wokwenene na nokuba hayi. Undoqo kukuba asikwazi ukuba singabubuza ubulumko bukaThixo koko singasuka sibuze ukuqaqadeka kwethu nobulukhuni beentliziyo zethu.
Uthi uAllah: **Hini na nina Bantu beNcwadi! (maYuda nani maKhristu) Ngoku ufikile kuni uMthunywa weThu (uMuhammad), enicacisela emva kokunqamka (kothotho lwabaProfeti) kuba hleze nithi: "Akuzanga khe kufike mvakalisi weendaba ezilungileyo kungazanga kwabakho mlumkisi kuthi". Kodwa ngoku ufikile umvakalisi weendaba ezilungileyo noMlumkisi. Kananjalo uAllâh Unamandla ngaphezulu kweento zonke.** (5:19)

INGABA UYESU WAYETHE UNGUMPROFETI WOKUGQIBELA KUSINI NA?

Xa sibonisana namaKhristu ngeIslam nangoMuhammad, awusokuze ungabevi besithi: "UYesu wayethe zenilumkele abaprofeti bobuxoki," ngaloo ndlela bezama ukuthi uMuhammad ngumprofeti wobuxoki. (sicela ukhuseleko ngoAllâh kule ntetho), "Thina asifuni mprofeti, sinonyana kaThixo owafela izono zethu." Atsho njalo amaKhristu. Wambi kuwo ade abe nochatha kule nto kangangokuba ade athi: "Bonke abaprofeti abavela emva koYesu yayingabobuxoki." Kodwa le yenye yeempazamo ezinkulu ezenziwa ngaba Bantu, kuba uYesu, uxolo lube phezu kwakhe, akazanga athi bonke abaProfeti abaza kulandela emva kwakhe baza kuba ngabobuxoki engazanga atsho nokuthi yena unguMprofeti wokugqibela. Kuphela awakuthethayo kukuthi: *"Kuba kuya kuvela ooKristu ababuxoki, nabaprofeti ababuxoki, benze imiqondiso nemimangaliso yokulahlekisa nabanyuliweyo, ukuba bekunokwenzeka. Lumkani ke nina; yabonani, ndinixelele izinto zonke ngenxa engaphambili."* (UMarko 13 ivesi 22-23)
Le vesi ayitsho ukuba bonke abaProfeti emva koYesu baza kuba ngabobuxoki, koko ithi: *"kuya kuvela ooKristu ababuxoki, nabaprofeti ababuxoki,."* Kodwa ngoko kunjalo amaKhristu anikina iintloko zawo xa ukhomba le nyaniso, nto leyo ke ngoku ikwenza ungabi nakunceda ngaphandle kokubhenela kwasesiBhalweni sawo:

*"Ke kaloku ngaloo mihla, kwehla* ***abaprofeti,*** *besuka eYerusalem, beza kwa-Antiyokwe. Kwesuka ke omnye wabo, ogama linguAgabho, waqondisa ngaye uMoya ukuba kuza kubakho indlala enkulu kulo lonke elimiweyo; eyabakho ke ngemihla kaKlawudiyo Kesare.*
(iZenzo 11 ivesi 27)

*"Kekaloku, kwaye kukho kwaAntiyokwe, ebandleni ebelikhona,* ***abaprofeti*** *nabafundisi abathile, abangooBharnabhas, noSimon ekuthiwa nguNigere, noLukiyo waseKirene, kwanoManayen owondliwa noHerode umphathi wesahlulo sesine, noSawule."* (iZenzo 13 ivesi 1)

www.alukah.net

*"Kekaloku ooYuda noSilas, kuba beng**abaprofeti** nabo, babathuthuzela abazalwana ngokuthetha okukhulu, babomeleza."* (iZenzo 15 ivesi 32)
Aba ke yayingabaProfeti ngokokutsho kweBhayibhile yamaKhristu yaye namaKhristu ayabamkela lo gama babevele emva koYesu. Oku mna ndikubona ikukuba mbaxa kumaKhristu ukuba abamkele aba baProfeti kodwa angamamkeli yena uMuhammad, UAllâh amsikelele amphumlise ngoxolo.

AKAKHANKANYWANGA EBHAYIBHILENI

Onke amaKhritu athi akanakukholwa kuMuhammad, wanga uAllâh Angamsikelela Amphumlise ngoxolo, ngenxa yokuba ukuza kwakhe ehlabathini akuzanga kuchazwe kwangenxa engaphambili kwisibhalo sawo. Noku yimbono yabo hayi ekaThixo okanye ekaYesu. Into abangayiniki ngqalelo kukuba ayingabo bonke abaProfeti abachazwa kwangenxa engaphambili eBhayibhileni phambi kokufika kwabo ehlabathini.

Baninzi abantu abakhulu nabaProfeti ukuza kwabo ehlabathini ekungazanga kuchazwe kwangenxa engaphambili njengaba baProfeti bakhankanywe ngentla apha, abanjengoAgabho, uYuda, uSilas, uSimon, uLukiyo noManayen, kutheni bona bengaliwa ukuba ngaba kunjalo? Le mbono iyacuyacu yaye ayinangqiqo kakubi. Ayingommiselo kaThixo into yokuba phambi kokuba umntu athatyathwe njengoMprofeti kaThixo umele ukuba kuqala akhankanywe ngegama eBhayibhileni yamaKhristu.

NGUBANI UMUHAMMAD?

UMuhammad, wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolo, yena ngulowo uMoses waprofeta ngaye kwincwadi yeDuteronomi isahluko se18 ivesi ye18 apho uAllâh Watyhilela uMoses, uxolo malube naye, okokuba: *"Ndiya kubavelisela umprofeti ephuma phakathi kwabazalwana babo, onjengawe (Moses); ndiwabeke amazwi am emlonyeni wakhe, athethe kubo konke endiya kubawisela umthetho ngako."*
Duteronomi 18 iversi 18)
AmaKhristu nabafundi bakaYesu bathe ngempazamo bathabatha esi siprofetho ukuba sijoliswe kuYesu nangona sijoliswe kuMuhammad, wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolo. Kungenxa yantoni sisithi ayaphazama? Kungenxa yokuba uYesu uthatyathwa ukuba unguThixo okanye uNyana kaThixo ngamaKhristu abe yena uMoses noMuhammad babethatyathwa ukuba bangabaProfeti kuphela. Ukanti uAllâh Uthi Uza kubavelisela uMprofeti oza kuba njengoMoses hayi oza kuba njengoThixo okanye uNyana kaThixo. Kananjalo lo Mprofeti kuthethwa ngaye apha kufuneka aphume kubazalwana bamaSirayeli hayi kumaSirayeli buqu. UYesu uphuma kumaSirayeli buqu kodwa yena uMuhammad uphuma kubazalwana bawo, amaArabhu. Ngamafutshane, isiprofeto sithi lo Mprofeti uza kuba njengoMoses kanti yena uYesu ngokokutsho kwamaKhristu akakho njengoMoses. Enyanisweni bade bacule: "Akekh'ofana naye". Kodwa yena uMuhammad uyafana noMoses. UMoses wayebizwa ngokuba nguMprofeti kaThixo noMuhammad naye ubizwa ngokuba ngu'Rasûlullah (uMprofeti kaThixo), uYesu yena ubizwa ngokuba nguNyana kaThixo nesiqu sesibini kubuqu bukaThixo.



شبكة الألوكة - قسم الكتب

Emveni kokubonisa ezi zinto zingumahluko nezifanayo, amaKhristu asanikina iintloko zawo, ebanga ukuba esi siprofeto sijoliswe kuYesu. Kodwa xa sifunda iVangeli ngokubhalwe nguYohane. Sifumanisa okokuba ngexesha likaYohane umbhaptizi noYesu Khristu, amaYuda ayesalindele ukuzalisekiswa kwesiprofeto seDuteronomi 18 ivesi 18. Eneneni ayesalindele ukuzalisekiswa kweziprofeto ezithathu. Esokuqala yayisesokuza kukaEliya, ekwathi kanti nguYohane umbhaptizi esesibini yayisesokuza kukaKhristu ekwathi kanti yena lowo ngokokutsho kwamaKhristu nguYesu ize esesithathu ibe sesokuza kukamprofeti lowo ekwathi kanti ngu….bani ke ukuba yayingengoMuhammad? Hayi ke ngokokutsho kwamaMuslim uMprofeti lowo wayeza kuza yayinguMuhammad, wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo. Masikhe sifunde kunye eBhayibhileni: *"Nabu ke ubungqina bukaYohane, oko amaYuda athumela ababingeleli nabalevi, bephuma eYerusalem, ukuze bambuze besithi, Wena ungubani na? Wavuma akakhanyela, wavuma esithi, Andinguye mna uKristu."* (UYohane isahluko 1 ivesi 19)

*Bambuza besithi, Untoni na ke? UnguEliya na? Athi, Andinguye."*

(UYohane isahluko 1 ivesi 20)

Apha sifumana iBhayibhile ithetha iziphikisa kuba kwiVangeli ngokubhalwe nguMateyu isahluko 11 ivesi 14 uYesu wathi uYohane nguEliya abe yena uYohane ngokwakhe eyiphika loo nto. Noko kunjalo baqhubeka bambuza, *"Unguye na umprofeti lowo?"* Wathi ukuphendula, *"Hayi".* (UYohane isahluko 1 ivesi 21)

AmaYuda abuza uYohane umbhaptizi ngabantu abathathu: UKristu, uEliya nomprofeti lowo waza yena wala ukuba unguye nawuphi na kubo. Kodwa ngandlela thile amaKhristu abona abantu ababini kuphela apha lo gama babebathathu. Masikhe siqwalaselisise kwakhona kwivesi yama-24 kwakweso sahluko umbuzo owalandelayo abawubuza kuYohane: *"Baye abo babethunyiwe bengabakubo abaFarisi. Bambuza bathi kuye, Ubhaptizelani na phofu, ukuba wena akunguye:*

*uKristu*

*noEliya,*

*nomProfeti lowo?'"* (UYohane 1 ivesi 24)

Kutsho kucace ngakumbi ke ngoku apha ukuba kwakulindelwe abantu abathathu hayi ababini. Thina maMuslim asinangxaki ngoYesu ukuba abe nguKhritstu, uYohane abe nguEliya, kodwa siba nengxaki xa umbandela womprofeti lowo uza kubethwa ngoyaba. Ngenxa yantoni? Ngenxa yokuba kukho ubungozi ekufihleni inyaniso yokuba kukho uMprofeti ekwaprofetwa ngaye nguMoses, yaye enokuba siyayamkela okanye asiyamkeli umprofeti lowo yayinguMuhammad, wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo. Ke kaloku thina siyambulela uAllah, uThixo uSomandla ngokusenza kwaKhe ukuba sibe ngabalandeli bakhe kuba kwivesi ye19 kwiDuteronomi isahluko 18 uThixo Unika isilumkiso: *"kothi ke, kulowo uthe akaliphu-laphula ilizwi lam, aya kulithetha yena egameni lam, mna ndiyibuze loo nto kuloo mntu."* (IDuteronomi isahluko 18 ivesi 19)

Oku kuthetha ukuba wonke ubani ongamlandeliyo uMuhammad ngoku uza kuyibeka apha ityiwe ziikati, kodwa wona amaKhristu ayakhathala phofu? Nakancinane, ukusuka apho aqhayisa ngokuba ngabantwana bakaThixo, basindisiwe ngegazi lemvana, baphila phantsi kobabalo ngentla komthetho kaThixo. Oku akunto yimbi ngaphandle kwendelelo kwicala lamaKhristu. Kanti yayiyintoni injongo yokuthunyelwa komprofeti lowo ukuba

yayingekokuba alandelwe? Kwakutheni ukuba uThixo Athabathe inkxamleko engaka yokuba Enze uMoses aprofete ngomprofeti lowo xa ngaba ukuza kwakhe kwakungabalulekanga kumaKhristu ndawonye namaYuda? Ukusuka apho amaKhristu akamnanzanga uMprofeti lowo ekwathi kanti nguMuhammad nomyalezo wakhe i'Kur'ân eNgcwele. Ngoogweb'ecimele abamcingela ukuba ungumprofeti wobuxoki kodwa bengasebenzisi iindlela abayalelwa ukuba basebenzise zona zokucikida abaProfeti.

EYONA NDLELA IGUNYAZISIWEYO YOKUHLUZA ABOKWENENE KWABOBUXOKI

Masibe nesihle ngokwaneleyo sikhumbuze amaKhristu okokuba ayezinikiwe iindlela zokucikida nabani na obanga ubuProfeti bambone ukuba ingaba unyanisekile na okanye ngowobuxoki, yaye enye yeezo ndlela ifumaneka kwincwadi kaYohane, umpostile: *"Mazini ngale nto uMoya kaThixo: umoya wonke omvumayo uYesu Kristu eze esenyameni, ungokaThixo; nomoya wonke ongamvumiyo uYesu Kristu eze esenyameni, asingokaThixo…"* (UYohane 1 isahluko 4 ivesi 2-3)

Imele ukwaziwa into yokuba umoya ekuthethwa ngawo apha nguMprofeti. Ngoko ke yena uMprofeti uMuhammad, lwanga uxolo neentsikelelo zikaAllâh zingaba phezu kwakhe, Umbonisa njani uYesu.? Ingaba uthi weza kweli hlabathi engumshologu. Akamngqini na? Ewe nje uyamngqina.

Kwi'Kur'ân eNgcwele sifunda oku: **"UMesiya unyana kaMariya wayengeyonto yimbi ngaphandle kokuba nguMthunywa; baninzi ababengabathunywa abalandulelayo eli hlabathi ngaphambili kunaye. Umama wakhe (uMariya) waye nenyaniso. Bobabini babesitya ukutya. Khawukhangele indlela esizicacisa ngayo iiVesi kubo; kodwa khawubone indlela abaphambuke baphuma ngayo (enyanisweni)."** (I'Kur'ân 5 iVesi 75)

Le Vesi ingentla ye'Kur'ân ibonisa ngaphaya kwamathandabuzo okokukba uYesu wayesenyameni engumntu ngandlela zonke, ngokuba yena nomama wakhe babesitya ukutya ukubonisa okokuba babesenyameni njengabantu bonke.

Masiyikhankanye nento yokuba le Vesi ye'Kur'ân esiyicaphulileyo ngentla apha ibonisa iingongoma ezimbini:

1. UYesu wayesenyameni
2. wayengengoThixo. ngamanye amazwi wayengumntu.

Usengabuza okokuba ukutya ukutya kunantoni yokwenza nokuba senyameni komntu? Ukukuphendula, ndivumele ndibuze: Azanga uYesu ayalele abafundi bakhe ukuba mabakhangele izandla zakhe neenyawo zakhe, ukuze bobone ukuba nguye kanye, azanga abacele ukuba bamcofe babone okokuba umshologu awunanyama namathambo njengokuba babembona enawo yena? "Ukuba ngaba impendulo yakho ngu'ewe' kule mibuzo, kukwachaziwe ke kwakuloo ndawo eBhayibhileni okokuba: *"Ke kaloku akubona ukuba abakakholwa, ngenxa yovuyo, bemangalisiwe, wathi kubo, Ninanto na idliwayo apha? Bamnika ke intwana yentlanzi eyosiweyo, neyenqatha lobusi, wathabatha wadla emehlweni abo."*

(ULuka 24: 39-43)

Ukubonisa ntoni? Ukubonisa okokuba ngenene wayesenyameni ekwanamathambo. Ngoku ke kwiminyaka engamakhulu amathandathu emva koko, uAllâh uSomandla Usebenzisa kwa-obo bungqina kuthi kwi'Kur'ân 5 iVesi 75 ukusiqondisa.

Ukanti uYohane uthi kwakhona, *"nomoya wonke ongamvumiyo uYesu Kristu eze esenyameni, asingokaThixo…"*
Kodwa kwakhona uMuhammad, uxolo neentsikelelo zikaAllah zibe phezu kwakhe, uyamngqina ngokuphandle kwiVesi elandelayo ngezantsi apha efundeka ngolu hlobo:

**"Ezinyaweni zabo, Sathumela uYesu, unyana kaMariya, engqina iTorah eyayingaphambili kunaye, Saza yena Samnika iVangeli ekwakukho isikhokelo nokhanyiselo kuyo nesingqino seTorah eyayifike ngaphambili kunayo (iVangeli), isisikhokelo nesilumkiso kwabamoyikayo uAllâh."**

(I'Kur'ân isahluko 5 iVesi 46)

Ke ngoko uMuhammad, wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, uluphumelele ucikido lukaYohane ngokuba uyamvuma uYesu okokuba weza esenyameni, emvuma kananjalo okokuba wayenguMthunywa kaThixo ngokweVesi esiyicaphulileyo. Mhlawumbi kulapha kanye apho kufuneka sichaze eyethu imbono ngokumayela noYesu.

Thina maMuslim ngokokuyalelwa yi'Kur'ân eNgcwele naphantsi kweemfundiso zikaMuhammad, wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, siyakholwa kuYesu okwaziwa ngokuba nguKhritu, unyana kaMariya. Asimkhonzi, asikhonzi nabani ngapahandle koAllah, iNkosi yamaphakade. Siyakholwa okokuba wadalwa nguAllah ngommangaliso owodwa nokuba wayethunyelwe ukuba abe nguMprofeti kubaNtwana bakwaSirayeli abangazanga bamamkele, wayephilisa abagulayo, abazelwe beziimfama evusa nabafileyo ngemvume kaAllah. Engazanga wasebenzisa amandla wakhe, kuba wayengenawo amandla angawakhe ngaphandle kwakaAllâh. Nabani na phakathi kwamaMuslim onokuze abonakalise ukungakholwa kuYesu, asokuze athatyathwe ukuba uliMuslim ngokwengqiqo eyamkelekileyo kuba yinxalenye yeentsika zokholo lwethu ukukholwa kubo bonke abaProfeti bakaAllâh, nto leyo isenza sifezeke. AmaYuda akafezekanga kuba akanabo abaProfeti ababini bokugqibela, uYesu noMuhammad. NamaKhristu oku kwawo akanamfezeko ngokuba akanaye uMprofeti omnye wokugqibela kaThixo, uMuhammad, wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolo.

Enye inqobo yokugweba ifumaneka kwincwadi yeDuteronomi efundeka ngolu hlobo: *"Xa ke uthe entliziyweni yakho, 'Sothini na ukulazi ilizwi angalithethanga uYehova?' Ilizwi athe walithetha umprofeti egameni likaYehova, alabakho, alehla: lelo lizwi angalithethanga uYehova. Uthethe ngokukhukhumala umprofeti lowo; uze unganxunguphaliswa nguye.'"*

(IDuteronomi isahluko 18 ivesi 21-22)

Maxa wambi kusuka kube yinkcitha xesha ukuqhuba ingxoxo ngokuphathelene nale mibandela kunye nabaninzi phakathi kwamaKhrisu kuba phantse kungabikho namnye kubo onalo nolungangentlantsi ulwazana ngobomi boMprofeti oNgcwele, uMuhammad, Wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, ingakumbi abaseMzantsi Afrika. Abazi ukuba wayemele ntoni na, washumayela ntoni, zaziyintoni na izenzo zakhe, iimfundiso zakhe, waprofeta ntoni na yaza yenzeka, iyintoni na esaza kwenzeka. Kodwa bonke bahlala bekulungele ukugweba ngelokuba wayengengomprofeti kaThixo, inkolo yakhe yayiyeyoboxoki, ne'Kur'ân yafika mva kuneBhayibhile njalo njalo. Oku kwenza umntu amangaliswe ukuba kwenzeka njani na ukuba umntu avakalise uluvo lwakhe

ngento okanye umntu angenalwazi ngaye. Abanye kwalapha phakathi kwabo boyika nokuyifunda i'Kur'ân xa beyinikwa njengesipho. Noko kunjalo, siza kunika eziprofeto ezithile ezatyhilwa kuMuhammad njengoko zibhaliwe kwi'Kur'ân.

Imbali yeIslam isixelela ukuba uMprofeti oNgcwele uMuhammad, Wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolo. Kungekudala eqalise umsebenzi wakhe wobuProfeti eMakkah, ekuyindawo yakhe yokuzalwa leyo, watshutshiswa kanobom ngabantu bakubo amaArabhu ababengabahedeni, kwanyanzeleka ukuba yena nabanye abafundi bakhe bafudukele kwenye idolophi egamalayo liyiMadinah eyayimgama yona ukusuka eMakkah, bebaleka iyelenqe labo elingcolileyo lokuzama ukumbulala. Esendleleni eya eMadinah apho, ufumana isityhilelo kuAllâh: **"Inene, Yena (uThixo) Oyalele i'Kur'ân kuwe, Uya kuphinda Akubuyisele kwindawo yakho yokubuyela…"** (I'Kur'ân 28:85)

"Indawo yokubuyela," ligama lewonga lesixeko esiNgcwele iMakkah. Kuba ngenxa yemeko kwanyanzeleka ukuba asishiye, ngoku wayexelelwa nguThixo uSomandla okokuba uza kubuyela, ngoloyiso phofu. Kodwa okwelaa xesha imeko yayimaxongo inganiki themba konke konke. Uninzi lwabalandeli bakhe babesele befudukele eMadinah. Ngoku yayilithuba lakhe ukuba ahambe aye kwindawo yakhe yokhuseleko. Yena ekunye noAbubakr, umfundi wakhe babesele bekwindawo ekuthiwa yiJuhfa, ukusinikwa kwakhe esi siqinisekiso nguThixo sokuba uya kuthi kwakhona abuyele kwindawo yakhe yokuzalwa – iMakkah, wakwenza ke oko enamawaka alishumi abalandeli bakhe, wamatsha waya eMakkah, wayoyisa watshabalalisa yonke imifanekiso eqingqiweyo eyayilapho nayo yonke into eyayimele unqulo zithixo phakathi kuyo yonke iMakkah, ngolo hlobo wenza iMakkah yaba sesona sixeko siNgcwele kunazo zonke iindawo ezingcwele phantsi kwelanga.
Oku kwenzeka kanye njengoko kwakuchaziwe kwangenxa engaphambili kwiBhayibhile: *"Wathi (uMoses): UYehova wavela eSinayi, Waphuma kwaSehire phezu kwabo; Wabengezela esezintabeni zeParan,(kwelamaArabhu) Weza (uMuhammad) ephuma kwiingcwele ezimawaka alishumi, ekunene kwakhe ikukubinza komlilo kubo."* (IDuteronomi 33 iversi 2)

Eli yayililixa apho umlawuli wamaKhristu waseRoma wayehluthelwe iYerusalelem ngamaPersi, ukanti ubuKhristu babubutyazwe baluthuli. Kule mfecane yayiphakathi kwaba ngalonkulu babini baloo mihla, iRoma namaPersi, abahedeni baseMakkah bona babefumana uchulumanco kolu nxunguphalo lwamaRoma lwalubangelwa ngabahedeni basePersi. UAllamah Abdullah Yûsuf Ali kwinguqulelo yakhe ye'Kur'ân eNgcwele, uyicacisa le nto ngolu hlobo:
"ABAHEDENI BAMA-ARABHU BONA NJENGOKO KWAKULINDELEKILE BABA NGAKWICALA LAMAPERSI KWINZONDELELO YABO YENTSHABALALO, KE KALOKU INGCINGA YOKUBA ULAWULO LWAMAKHRISTU ASEROMA LWALUZA KUTSHABALALA YAYITHETHA UKUBA IYA KUBA LUBUYISELO MVA LOMYALEZO WOMPROFETI, WOKWENENE OZA EMVA KUKAKHRISTU, LO GAMA IHLABATHI LONKE LALIKHOLELWA UKUBA UBUKHOSI BAMAROMA BABUTSHATYALALISWA LELASEPERSI (E-IRAN), KWAYE KWATYHILWA KUYE (UMPROFETI WE-ISLAM) OKOKUBA ULOYISO LWAMAPERSI LUZA KUBA LOLWETHUTYANA KWANOKUBA KWISITHUBA NJE SEMINYAKANA EMBALWA AMAROMA AYEZA KUPHINDE OYISE KWAKHONA AZE AWABETHE KANOBOM AMAPERSI."

Ngezantsi apha ngamazwi ngqo eso siprofeto:
**"Ukumkani wamaRama woyisiwe kwilizwe elikufutshane; kodwa nabo, emva koku koyiswa kwabo, baya kuthi kungekudala babe noloyiso kwiminyakana nje embalwa. Isigqibo sikuAllah, kwilixa eladlulayo nelisezayo; ngaloo mini amakholwa aya kugcoba."** (I'Kur'ân isahluko 30 iVesi 2-4)
Oku kwatyhilwa kuMprofeti uMuhammad, Wanga uAllâh Angamsikelela amphumlise ngoxolo, kunyaka u615/16 emva kokunyuka kukaYesu. Kwisithuba seminyaka elishumi emva kokutyhilwa kwesi siprofetho, Esi Siprofetho sazaliseka ke. Ezi ziziprofetho ezibini kwezininzi ezazaliseka kwangexesha awayephila ngalo nasemva nje kancinane kokusweleka kwakhe, esicinga ukuba zanele ukuba zibe bubungqina kwabo bangathanda ukucikida uMprofeti weIslam njengoko kuchaziwe kwiDuteronomi 33:2 kananjalo zininzi nezinye izinto uMprofeti oNgcwele uMuhammad, Wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, awazichaza kwangenxa engaphambili ezazalisekayo ezinye zazo lo gama ezinye zazo sisalindele inzaliseko yazo, iindumiso mazibe kuAllah, uMprofeti wethu kwakhona uluphumelele nolu ucikido.

UMTHI NEZIQHAMO ZAWO

Olu lulandelayo ucikido lwanikwa yinkosi ngokwayo, uYesu Khristu kubalandeli bakhe: *"Ke kaloku balumkeleni abaprofeti ababuxoki, abeza kuni ngezambatho zeegusha, ngaphakathi ke beziingcuka eziqwengayo. Nobaqonda ngeziqhamo zabo. Kukha kukhiwe iidiliya emithaneni enameva, namakhiwane ezinkunzaneni, yini na? Ngokunjalo yonke imithi elungileyo ivelisa iziqhamo ezihle, ke wona umthi ongenguwo uvelisa iziqhamo ezibi. Umthi olungileyo awunakuvelisa ziqhamo zibi, nomthi ongenguwo awunakuvelisa ziqhamo zihle. Wonke umnthi ongavelisi ziqhamo zihle uyagawulwa, uphoswe emlilweni. Ngoko ke nobaqonda ngeziqhamo zabo."* (uMateyu isahluko 7 ivesi 16-20)

Masikhe kule meko sithabathe uMuhammad, Wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, sithi ungulo mthi kuthethwa ngawo, iziqhamo zakhe, ibe sisiTyhilelo esathunyelwa kuye kunye neemfundiso zakhe ezibizwa ngokuba ziiAhâdîth, sibone ukuba waba ngumthi onjani na. Siza kufunda i'Kur'ân elilizwi likaAllah elathunyelwa emhlabeni ngomlomo kaMuhammad. Kwizinto ezinizi ezifundiswa yi'Kur'ân kukho ezi:

**"Ayibobulungisa okokuba nijongise ubuso benu eMpumalanga okanye eNtshonalanga (emthandazweni) koko ilungisa ngulowo ukholwa kuAllâh, kwiMini yokuGqibela, kwiingelosi, kwiiNcwadi, kubaProfeti aze anikele ngobutyebi bakhe, nangona ebuthanda, abunike izizalwana, anike iinkedama, namahlwempu, nabaseluhambeni, nabo bacelayo, nokukhulula amakhoboka, enze iŞalâh anikezele ngeZakâh, nabazalisekisa izithembiso zabo xa bethe bazenza, nabanyamezelayo xa bethwaxwe yintlupheko enkulu nabakwiintlungu zokugula, nangethuba lokulwa (imfazwe). Abo ngabona bantu benyaniso yaye bona banyulu."** (I'Kur'ân isahluko 2 iVesi 177)
Le Vesi ingentla apha iyazicacisa ngokwayo, akuyomfuneko nokuba ndibesacacisa nto kuyo, ingaba ukhona ongangqinelaniyo naloo nyaniso. Nantsi enye ngezantsi apha: **"Ukunikela ngamalizo kwenzeni endleleni kaAllâh ningazigaxelekisi entshabalalweni, nina yenzani okulungileyo. Inene uAllâh Uyabathanda abenzi bokulungileyo."** (I'Kur'ân isahluko 2 iVesi 195)



شبكة الألوكة - قسم الكتب

Ezi ke ziimfundiso ze'Kur'ân, ukuba azilunganga ke makube ayikho into elungileyo. Khawuve apha kule ingezantsi ilandelayo:
**"Inene uAllâh Uniyalela ukuba nibuyisele izinto ebenizigcinisiwe (nebenizibolekiwe) kubaninizo naxa nigweba phakathi kwabantu, gwebani ngobulungisa. Enjani yona ukulunga imfundiso eniyinikwa nguAllâh! Inene uAllâh nguSokuva, uSokubona."** (I'Kur'ân 4:58)

Kanti yena uMuhammad, uxolo neentsikelelo zikaAllah zibe phezu kwakhe, yena buqu wafundisa wathini kubalandeli bakhe?
Ngokutsho kukaAbuHuraira, Wanga uAllah angakholiseka nguye, uMprofeti uMuhammad, Wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, wathi: "Enye indoda yafika kuMthunywa kaAllah, yathi: "O Mthunywa kaAllah! Ngubani na ofanelwe kukuphathwa ngobona bubele ndim?" UMprofeti wathi: ***"Ngumama wakho."*** Yathi kwakhona le ndoda: "Ibe ngubani omnye?"UMprofeti wathi: ***"Ngumama wakho."*** Yaqhubeka yabuza indoda: "Ibe ngubani omnye?" UMprofeti wathi: ***"Ngumama wakho."*** Indoda leyo yabuza okwesine: "Ibe ngubani omnye?" UMprofeti wathi: ***"Ngutata wakho."*** (Bhukhari Vol. 8 page 2, Hadeeth 2)

Kule mihla siphila kuyo nawuphi na umzali onengqondo unga angathanda ukuba umntwana wakhe abe secaleni kwakhe ngamandla kangangoko kunokuba abe secaleni komnye umntu ingakumbi kula maxesha oxinezelelo lweetshomi apho ulutsha lungeniswa ekusebenziseni iziyobisi ezinobungozi, imiboniso yamanyala nonqulo lukaSathana oluyintshabalalo (Satanism).
Ngokokutsho kukaAbuBakra, Wanga uAllah Angakholiseka nguye, uMprofeti uMuhammad, Wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, wathi kwada kwaba kathathu: ***"Ndinganixeleli esona sono sikhulu kakhulu? Sathi thina: "Ewe O Mthunywa kaAllah."*** Wathi yena: ***"Kukwayamanisa amahlulelane kuAllah; Ukungabi nankathalo komntu ngabazali bakhe."*** Waza umprofethi wahlala nkqo emva kokuba wayengqengqe ngecala, wongeza (ngokuthi): "Ndiyanilumkisa ngokuchasene nokunika ingxelo yomgunyathi nokunika ubungqina obububuxoki; Ndiyanilumkisa ngokuchasene nokunika ingxelo yomgunyathi nokunika ubungqina obububuxoki." UMprofeti waqhubeka nokwenza eso silumkiso sada sacinga ukuba akazi kuyeka
(Bhukhari Vol. 8 page 6, Hadeeth 6)
Ngokokutsho kukaAbdullah bin 'Amr, Wanga uAllah Angakholiseka nguye, uMprofeti uMuhammad, Wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, wathi: ***"Sesinye sezono ezikhulu into yokuba umntu aqalekise abazali bakhe." Kwabuzwa (ngabantu): "O Mthunywa kaAllah! Kungenzeka njani ukuba umntu aqalekise abazali bakhe?"*** UMprofeti wathi: ***"Umntu uthuka uyise womnye umntu aze nomnye lowo aphindise, sele ethuka nomama wakhe na kakade."*** (Bhukhari Vol. 8 page 3, Hadeeth 4)
Ngokokutsho kukaAbuHuraira, Wanga uAllah Angakholiseka nguye, uMprofeti uMuhammad, Wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, wathi: ***"Nabani na okholwa kwiMini yokuGqibela makangamvisi bubi ummelwane wakhe, nabani na okholwa kuAllah nakwiMini yokuGqibela makonwabise undwendwe lwakhe, nabani na okholwa kuAllah nakwiMini yokuGqibela makathethe okulungileyo kungenjalo athule cwaka."*** (Bhukhari Vol. 8 page 29, Hadeeth 47)

Kwakhona kwiimfundiso zakhe simfumana efundisa okulungileyo abe uYesu, wacebisa abalendeli bakhe okokuba baya kubabona ngeziqhamo zabo. Sifumana iziqhamo ezilungileyo kumthi onguMuhammad, Wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo. Nabani na lowo uthabatha ezi mfundiso ngokuthi azilunganga, akayazi ukuba kusukuba kuthethwa ukuthwani na xa kuthethwa ngento "elungileyo." UMuhammad, Wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, waqhubeka wada wanika abantu isikhokelo nakwizinto uYesu angazanga athethe nto ngazo. ezinjengokungcakaza, (gambling) ukuvumisa, ukusela utywala, ukwabiwa kwamafa, ukuzalisa ngemali, (oomatshonisa), ukunqula uSathana, ukubandlululana ngokobuhlanga nengxaki yabasetyhini abagqithileyo ngenani kumadoda.

Ezi zinto nezinye kucacisiwe ngazo ngokwaneleyo kwi'Kur'ân eNgcwele nakwiintetho zoMprofeti oNgcwele uMuhammad, Wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo. Ke yena uYesu, uxolo lube phezu kwakhe, akazanga athethe ngazo kuba abafundi bakhe babengekakulungeli oko okwelaa xesha yaye wayesazi kananjalo okokuba uMprofeti oNgcwele uMuhammad, Wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, uza kuza acacise ngazo. *"Ndisenezinto ezininzi zokuthetha kuni, kodwa aninako ukuzithwala ngoku. Xa ke athe wafika yena uMoya wenyaniso, uya kunikhokelela kuyo yonke inyaniso; kuba engayi kuthetha okuphuma kuye, uya kuthetha izinto athe waziva, anibikele izinto ezizayo."* (UYohane 16 ivesi 12-13)

La mazwi akanakuba ajoliswe komnye umntu ongenguye uMuhammad, Wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, kuba iMuslim ngalinye liyayazi into yokuba uMuhammad wayengathethi okuphuma kuye, Masicaphule kwi'Kur'ân eNgcwele:

**"Yena (uMuhammad) akathethi okweminqweno yakhe inene oku (i'Kur'ân) asinto yimbi ngaphandle kwesiTyhilelo esityhilwe kuye. Ufundiswe ngonobunganga (uAllah), uSomandla"** (I'Kur'ân 53 iVesi 3-5)

UMuhammad yinzaliseko yesi siprofetho sikaYesu, Kodwa amaKhristu akayivumi le nyaniso, abanga ukuba esi siprofetho singentla apha sasingokuza kukaMoya oyiNgcwele owehla ngemini yePentekost.

Ngokungathandabuzekiyo oku kuyimpazamo ngakwicala lamaKhristu ngokuba uMoya oyiNgcwele wabonwa usihla njengehobe, waviwa nokuviwa ngabantu ngobhaptizo lukaYesu, ebhaptizwa nguYohane (UMateyu 3 ivesi 13-17), yaye oku kwenzeka ingakafiki imini yaPentekost. UYesu wayengenakuba wayebhekisa kuMoya oyiNgcwele ngokuba emva kobhapthizo lwakhe uMoya oyiNgcwele wawusoloko unaye, ukuba amaKhristu ayaphikelela ekuthini kwakufuneka ehambe waya ndaweni ithile ukuya kulanda uMoya oyiNgcwele, ke thina siza kufuna ukwazi okokuba ingaba mhlawumbi wayengathethi nyaniso na xa wayesithi yena uzikhupha iidemon ngoMoya kaThixo? (UMateyu 12 ivesi 28)

Ukuba wayezikhupha iidemon ngoMoya kaThixo oko kuthetha ukuba uMoya kaThixo wawusoloko ukunye naye, azanga kude kufuneke ukuba ahambe ukuze uMoya oyiNgcwele uhle. Masikhe sicaphule amazwi wakhe okwenene: *"Noko ke mna ndinixelela inyaniso; kunilungele ukuba ndimke; kuba, ndingemkanga, uMthetheleli akayi kuza kuni; ke, ndithe ndemka, ndiya kumthumela kuni."* (UYohane 16 ivesi 7)

Ukuba wayejolise kuMoya oyiNgcwele wePentekost, ayiniki mbadla[3] into yokuba athi *"Ndingemkanga, uMthetheleli akayi kuza kuni…."* Lo gama uMoya oyiNgcwele wawusoloko

[3] Imbadla yinto okanye intetho enengqondo (sensible thing or statement).

ukunye naye. Kodwa ukuba siyayamkela into yokuba uMthetheleli lowo wayethetha ngaye yayinguMuhammad, kungona yenza imbadla kakhulu ke ngoku kuba uMuhammad wafika esakuba engekho yena kodwa yena uMoya oyiNgcwele wawulapha nditsho nagaphambili kokuzalwa kukaYesu. Kanti wayengakhawulwanga ngoMoya oyiNgcwle na kanene? (ULuka isahluko 1 ivesi 35)
Ukanti ke kukwakho nezinye iindawo eziliqela eBhayibhileni apho uMoya oyiNgcwele kuchazwa ukuba wawukhona, usebenza ebantwini njengoko sifunda ku: (Luka 1:15), (Luka 1:41), (Luka 1:67) yaye konke oku kwenzeka phambi kokuzalwa kwakhe. Inyaniso kukuba: uYesu akuzanga kube yimfuneko ukuba ade aye phi ukuze uMoya oyiNgcwele ube kunye nabafundi bakhe. Kuba ngenye imini wakhe wathi kubafundi bakhe: *"Uxolo malube nani; njengokuba uBawo endithumile mna, ndiyanithuma nina. Akutsho wababhefumlela, wathi kubo, Yamkelani uMoya oyiNgcwele;…"* (UYohane 20 ivesi 21-23)

Noku kwakukwenzeke phambi kwePentekost. Ingaba wayebakhohlisa ke xa wayesithi kubo mabamkele uMoya oyiNgcwele? Kuyazicacela ke ukuba wayeza kuya kuthatha umntu othile owayengekho mhlabeni kuba uMoya oyiNgcwele wona wawusele usemhlabeni kakade kodwa yena uMuhammad, wanga uAllah Angamsikelela amphumlise ngoxolo, wayengekabikho emhlabeni, yena wazalwa emva kokuba emkile yena (Yesu).
Ukuba ngaba bayayiphikisa nayo le nyaniso besaphikelela kwinto kaMoya wePentekost kuza kunyanzeleka sibuyise iingqiqo zabo kwezi ngongoma zesiprofetho size sibone okokuba yiyiphi na kuzo eyaphunyezwa nguMoya wePentekost.

- *Uya kukhokelela abantu kuyo yonke inyaniso:*

yeyiphi le nyaniso uMoya wePentekost awakhokelela abantu kuyo ngaphandle kokuthetha iilwimi ezingaziwayo? Kuqale nini ngoku ukuthetha iilwimi ezingaziwayo okanye ezaziwayo ukuba yinyaniso?
Ekukhokeleleni abantu kuyo yonke inyaniso, uMuhammad,
Wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, kwelinye icala wathi: ***"UMlilo (wesiHogo) ungqongwe zizo zonke iintlobo zeminqweno neenkanuko, lo gama iPaladesi yona ingqongwe zizo zonke iintlobo zezinto ezingathandwayo nezinganqwenelekiyo."*** (Bukhari Vol. 8 page 327 hadeeth 494)
Yinyaniso leyo ekungekho mntu ukholwayo unokuyiphika ngezi ndawo zimbini, isiHogo nePaladesi.

- *Akayi kuthetha okuphuma kuye,*

Yintoni eyathethwa nguMoya oyiNgcwele ngalaa mini eyayingaphumi kuwo? Ayikho, Kodwa yena uMprofeti weIslam wayengathethi okuphuma kuye, wayethetha akutyhilelweyo maxa onke ethetha. Enyanisweni akukho ndawo kwi'Kur'ân apho uMuhammad athetha okuzizimvo zakhe. Ne'Kur'ân inika ubungqina kule nyaniso: **"Yaye yena (uMuhammad) akathethi okweminqweno yakhe. (Le 'Kur'ân asinto yimbi ngaphandle kokuba sisiTyhilelo esithunyelwe kuye. Yena ufundiswe ngonamandla."**
(I'Kur'ân 53 iVesi 3-5)



شبكة الألوكة - قسم الكتب

www.alukah.net

- *Yena uya kubikela abantu izinto ezisezayo.*

Yintoni esezayo eyachazwa nguMoya wePentekost, ngaphandle kokwenza ababebukele apho bacinnge ukuba abo babedwekesha ngeelwimi zasemzini babenxilile, ade uPetros aphakame aqinisekise ababebukele okokuba babenganxilanga?
(IZenzo 3 ivesi 15)
Kanti yayiyintoni injongo yokuthetha ngeelwimi zazemsini? Ingaba mhlawumbi yayikukunika isikhokelo okanye kuphela yayikukubonisa nje ukuba abafundi babezele nguMoya oyiNgcwele?
Ngokumayela nokuthetha ebantwini izinto eziseza kwenzeka, uMuhammad wachazela ababntu oku: **"Yabonani uAllâh Uya kuthi (ngoMhla woVuko): 'Hini na Yesu nyana kaMariya! Nguwe na lo wathi ebantwini: 'Khonzani mna no mama wam, sibe ngoothixo ababini ngaphandle koAllâh?' Athi yena (ukuphendula): 'UZuko malube kuWe yayingekokwam ukuba ndithethe into endandingenalungelo (lakuyithetha). Ukuba ndandinokuthetha into enjalo inene Ubuya kuyazi Wena. Wena Wazi inzulu yembilini yam, lo gama mna ndingayazi eyaKho; inene, nguWe Wena Wedwa uMazi wako konke okufihlakeleyo.'"** (I'Kur'ân isahluko 5 iVesi 116)
**"Yabona! Baya kuphikisana phakathi eMlilweni, ababebuthathaka baya kuthi kwabo babekhukhumele: 'Inene thina sasingabalandeli benu, ingaba niza kusiphumza nithabathe (esenu) isabelo soMlilo na?'"**
**Abo babekhukhumele baya kuthi: 'Inene, sisonke sikuwo nathi Inene uAllâh Ugwebile phakathi kwezicaka zaKhe.'"**
**Abo baseMlilweni baya kuthi kubagcini besiHogo: Celani eNkosini yenu ukuba isinciphisele ngemini enye kwisohlwayo."**
**Baya kuthi: "Akuzanga kufike baThunywa nemiqondiso ecacileyo na kuni?" Baya kuthi bona: "Ewe.'' Baya kuphendula ke, "Ziceleleni nina (ngokwenu) kodwa isicelo sabangakholwa asinto yanto ngaphandle kokuba kukulahleka'"**
(I'Kur'ân 40:47-50)
Ezi zicatshulwa zingentla apha ze'Kur'ân eNgcwele zisixelela okusaza kwenzeka. Ukanti zininzi izinto ezizezinye uMprofeti weIslam awazichaza kwangenxa engaphambili esingenakuzibala nganyenganye kule ncwadana kuba incwadi le ayiyo yaloo njongo kodwa ke ngokumayela nesithembiso sikaYesu esithi:
a) *uya kunikhokela kuyo yonke inyaniso*
b) *akayi kuthetha okukokwakhe*
c) *uya kuchazela abantu izinto ezisezayo.*

Akukho nanye kwezi zingentla ekuthiwa yenziwa nguMoya oyiNgcwele wePentekost. Kodwa kukuMuhammad, Wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, kuphela apho zifumaneka khona.

Xa sithethela phantsi wena mfundi othandekayo, uMoya oyiNgcwele owehla ngemini yePentekost, wawuyinzalisekiso yesiprofetho soMprofeti uYoweli.
(UYoweli 2 ivesi 28-32), hayi esikaYesu esisifumana kubhalwe ngaso kwincwadi kaYohane 16 ivesi 12-13), kananjalo ukuba uPetros wathi siso, ngokungathandabuzekiyo wenza imposiso embi. (IZenzo 2 ivesi 16) njengoko sele sibonisile ngentla apha.



شبكة الألوكة - قسم الكتب

Ukwenza imposiso embi kukaPetoros akumelanga kuba ngumnqa kuthi ngokuba bebonke abafundi boMprofeti uYesu babedla ngokungayiqondi into ayithethayo ngamanye amaxesha. Kaloku kukho amathuba apho uYesu wayedla ngokukhalaza kubafundi bakhe, ekhalazela ukungabi nalukholo kwabo nokungaqondi kwabo. Kwakoko kungamva kwabo uYesu into awayeyithetha kufumaniseka okokuba bade bahambisa iindaba zokuba kukho umfundi phakathi kwabo awathi uYesu asokuze afe de yena Yesu abuye kodwa kungokunje loo mfundi akasekho abe uYesu yena engekabuyi. (UYohane 21 ivesi 23)

Ngelishwa ke kwelethu icala, kuye kwanyanzeleka ukuba umyalezo kaYesu siwufumane kwakwabo bantu babengamva uYesu, bona kanye abafundi bakhe abo bambalekayo bamshiya ngomzuzu wokugqibela (UMarko 14 ivesi 50)
Baze baphinde babe nesibindi sokuza kuthi basixelele ngokwenzekayo kwindlela eya eGogotha nasemnqamlezweni kube kungekho namnye kubo owayibonayo ngamehlo into eyenzekayo.

UKUPHUCULWA KWESIZWE

Yinyaniso kakade into yokuba i'Kur'ân yatyhilwa kwiminyaka engamkhulu amathandathu emva kweBhayibhile kananjalo ngelo xesha laloo makhulu mathandathu eminyaka ingekatyhilwa i'Kur'ân amaArabhu phantse ewonke ayenobundlobongela ngenene. AmaArabhu ayekhonza izithixo, ezazingemo yemifanekiso eqingqiweyo, iinkolelo zazilawula ubomi bemihla ngemihla yawo. Abanamandla kubo babesenza amaxhoba abo babuthathaka phakathi kwabo, ukungcakaza kwakusele kugabadele, ubugwinta, ukubulawa kweentsana enzingamantombazana, ubunxila, ukrexezo uburheletyo, ubusela, ubuqhetseba kwezoshishino nokungabi nasimilo nayo yonke into ekukungcola anokuthi umntu acinge ngayo. Kodwa ukuqalisa kwakhe umsebenzi wakhe wobuProfeti uMprofeti weIslam, zonke ezo zinto zikukungcola entlalweni zatshayelwa zaphela nya kwincam yelamaArabhu, ngesithutyana nje seminyaka engama-23. Kude kuze kuthi gaa ngoku, akuzanga khe kubekho mntu ngaphambili kukaMuhammad nasemva kwakhe owakhe wakwazi ukutshintsha isimilo esibi, aphucule nempilo yesizwe sonke njengoMuhammad, wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo.

Kanti nangoku sithethayo, nguThixo uSomandla kuphela onqulwayo eMakkha naseMadinah, akukho lunqulo lwaso nesinjani isithixo nokuba singeyiphi na imo okanye indlela. Akukho nokuba sibesinye isohlo sokhuthuzo, uqwqwediso lwezithuthi, uqhekezo lwezindlu nobusela, ubudlwengu, ukungaziphathi ngesimilo esihle esidlangalaleni. Ukanti akukho nokuba ibe nye ivenkile yotywala kwizitalato zaseMakkah naseMadinah ekulapho i-Islam yazalwa khona.
UbuKhristu kwakwelo lamaArabhu kwisithuba esingamakhulu amathandathu eminyaka abuzanga bukwazi ukwenza nantoni na ngezinto ezikukungcola ekuhlaleni ezikhankanywe ngentla apha. AmaKhristu aba njengetyuwa engenasango, leyo uYesu wathi iya kulahlelwa phandle inyathelwe ngeenyawo ngabantu. (UMateyu 5 ivesi 13)

Okumangalisayo, emva kwayo yonke loo nto, amaKhristu asazibona ingawo akhokelelekileyo kunabanye abantu lo gama phakathi kwabo kusekho amahlelo asaqubuda kwimifanekiso eqingqiweyo ezicaweni zawo egameni likaYesu nomama

www.alukah.net
شبكة الألوكة

wakhe, lo gama phantse bonke bebanga ukuba nesipho soMoya oyiNgcwele, bekhonza uThixo oneziqu ezithathu kuThixo omnye okanye iziqu ezithathu ezinguThixo omnye, nto leyo ingeyiyo enye into ngaphandle kokuba kukunqula izithixo, lo gama bonke bethabatha uYesu, uxolo lube naye, njengonyana kaThixo ncam abe yena uYesu wayezithabatha ukuba ungunyana kaThixo ngokwengqiqo yesafobe. UThixo wabiza abaProfeti abaninzi ngokuba ngoonyana bakhe, uDavide ngomnye wabo yaye uThixo wathi kuye: *"UYehova uthe kum, ungunyana wam wena* (Davide); *mna namahla ndikuzele."* (Iindumiso 2 ivesi 7)

"Uthi uYesu kuye (uMariya wasemagadala), *Ndiyenyuka, ndiya kuBawo, kuYihlo; kuThixo wam, kuThixo wenu".* (UYohane 20 ivesi 17)
AmaMuslim phantsi kokukhokelwa nguMuhammad, wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, akhonza uAllah njengoThixo Omnye kuphela. Akanamahlulelane, Engenanyana bayinxalenye yobo buThixo baKhe konke-konke kwiIslam, yaye oku kunguwona myalezo kaThixo owafundiswa ngabaProfeti bakaThixo bonke. Akukho namnye kubo owafundisa abantu ngoothixo abathathu abakuthixo omnye okanye uthixo omnye koothixo abathathu. Le mfundiso intsha yaye ayinanto yakwenza noYesu, yona yayilwa mva lee emva kokuba uYesu engasekho emhlabeni, ivela kumaKhristu angamaRoma ayengabakhonzi bezithixo kwantlandlolo kwiminyaka yama-325 emva kukaKhristu.

UYESU NGOWAMAYUDA ODWA

Kukho inkolelo egwenxa phakathi kwabantu abaninzi ingakumbi phakathi kwabantu abamnyama yokucinga ukuba ngamaKhristu kuphela (abelungu) abanolwazi ngoThixo, ezinye iintlanga azazi ngoThixo, ukusuka apho kwaye kwafuneka ukuba zilinde kude kufike amamishinari angabelungu beza neBhayibhile yawo aze kubafundisa ngoThixo. Oku kugwenxa kakhulu ngokuba kude kudala phambi kokufika kwabelungu eMzantsi Afrika, abantu babesazi ngoThixo yaye ubungqina baloo nto yinyaniso yokuba uThixo, uSomandla Uyaziwa ngamagama athile zizo zonke iintlanga zamaAfrika. Isizwe ngasinye simanzi ngegama elithile elingaMbonakalisi njengoThixo Onamahlulelane (abancedisi). Yena Usoloko ebonakaliswa njengoThixo Ophakamileyo nonamandla kakhulu. Ne'Kur'ân ithi: **"Akukho luntu lwakha lwangabi naMphaphamisi ophila phakathi kwalo".** (I'Kur'ân iSahluko 35 iVesi 24).
Lavela ithuba kuYesu ngenye imini lokuba athi wayezele ihlabathi lonke phambi koPilato ngethuba wayebuzwa: *Wema ke uYesu phambi kwerhuluneli, yambuza irhuluneli isithi, Unguye na uKumkani wamaYuda? Wathi ke uYesu kuyo, Nawe utsho."* (UMateyu isahluko 27 ivesi 11). Apha uYesu wadlala ngelinye ithuba elalilihle phambi kwerhuluneli xa wayefanele ukuba abe uthe; "Ewe, andingokumkani wamaYuda kuphela koko ndingowehlabathi lonke." Ngelishwa ke kumaKhristu akazange abange ukuba ngukumkani wehlabathi njengoko benqwenela ukuba kube kunjalo. Koko yena wathi yena ungukumakani wamaYuda. Ngaphezu kwayo yonke loo nto, kwabhalwa entla komnqamlezo wakhe kwathiwa: "LO NGUYESU UKUMKANI WAMAYUDA" (UMateyu isahluko 27 ivesi 37). Ihlabathi lonke okanye abantu bonke abakhankanywanga apha.



شبكة الألوكة - قسم الكتب

Kwasekuzalweni kwakhe uYesu kwakusazeka ukuba uza kuba ngukumkani wamYuda, hayi owehlabathi, nezazi zaseMpumalanga zangqina: *"Uphi na lo uzelweyo, ukuamkani wamaYuda?* (Umateyu 2:2)

Enye into ebalulekileyo ukuba siyikhankanye apha kuyo yonke le nto mayela nokubethelelwa kukaYesu libango lokuba wayeze kufela izono zehlabathi: Kuzo zonke iindawo uYesu awasiwa kuzo enika iimpendulo emva kokubanjwa kwakhe eGetsemane, akukho apho wakhe wabanga ukuba uze kufela izono zehlabathi. Ukanti ukuba ngaba nyani wayezele loo nto makube wayelidini elalingavumi ukunikezelwa. Kodwa bethu ingaba injongo yakhe yayikukuba uza kuzifela njani, nini izono zehlabathi? Ngokwenyani ukuba wayezele loo nto makube wayelidini elalisala ukuba ngumnikelo kodwa bethu wayecinga ukuba uza kunikezelwa nini kanjani khona ukuba uYuda Sikariyoti wayengamngcatshanga ekugqibeleni? (UYohane 13 ivesi 27)
Kaloku kwaba ngenxa kaSathana owangena kuYuda Sikariyoti ukuze uYesu abanjwe abethelelwe emnqamlezweni 'ebethelelelwa izono zamaKhrisu'. Kodwa akukho nelizwi eli linye lombulelo abalenzayo kwaba babini (uYuda Sikariyoti noSathana) ababancedayo 'ngegazi lemvana elisusa izono zomntu.' Inye into esiyibonayo ngumbhiyozo waminyaka le woLwesihlanu oLungileyo (Good Friday) ehlabathini lonke. Ukuba uLwesihlanu ekwabhubha ngaye uYesu ulungile oko kuthetha ukuba okwenzeka kuye eGolgotha kulungile, nto leyo ithetha ukuba nalowo waba ngunobangela wokwenzeka kwayo le nto, wenza into elungileyo. Ukuba phofu uThixo watyikitya isivumelwano noYesu sokuba makaze kusindisa ihlabathi ngelilelakhe igazi, ngoko ke idini elo linguYesu kwakunyanzelekile ukuba libanjwe libulawe ngenye imini libulawelwa izono zehlabathi. Kutheni kaloku ngoku lowo wenza le nto ukuba mayifezeke eqalekiswa nje endaweni yokubulelwa? AmaKhristu kulo mbandela abonakalise ukungabi nambulelo kuYuda Skariyoti, gqitha kunjalonje Akuyomfuneko ukuba umntu ade abe noMoya oyiNgcwele ukuba ade abone ukuba uYesu wayelidini elalingafuni ukufela ihlabathi.Ukuba ungazifundela iiVangeli uya kuzibonela nawe okokuba uYesu akuzanga kumonwabise ukuba uYuda Sikariyoti amnikele ukuba enziwe idini lehlabathi. Yiva uYesu xa exelela abafundi bakhe okukuba: *"Inene, inene ndithi kuni, omnye kuni aba uya kundingcatsha. Baye ngoko abafundi bekhangelana, bethingaza ukuba uthetha bani na".* (UYohane 13 ivesi21-22).
KwiVangeli ngokubhalwe nguLuka nekucaca ukuba kulapho kuvela khona oku kuza kufela izono zehlabathi, sifunda oku: *"UNyana woMntu okunene uyemka, njengoko kumisiweyo; kodwa ke, yeha, loo mntu angcatshwa nguye."* (ULuka isahluko 22 ivesi 22)
Kutheni ngoku esithi yeha kuYuda Sikariyoti nje, ekubeni ukuba uYuda wayezama ukwenza kuzaliseke oko (uYesu) wayekuzele emhlabeni?
KwiVangeli ngokubhalwe nguMateyu sifunda oku: *"UNyana woMntu uyemka okunene, njengoko kubhaliwe ngaye. Kodwa ke, yeha, loo mntu uNyana woMntu angcatshwa nguye! Ngekumlungele ukuba ebengazalwanga loo mntu."* (UMateyu isahluko 26 ivesi 24)
La ngamazwi endoda ekhathazekileyo ekwakufenele ukuba ikwelona qondo liphakamileyo lolonwabo kuba kaloku kwakuza kuzalisekiswa isivumelwano esasiphakathi kwakhe no'Yise[4]' sokuza kukhulula aboni ngelilelakhe igazi. Kutheni

[4] UThixo uSomandla Akangoyise kaYesu Khristu, uThixo Akanayana, Akazali Engazanga Wazalwa naYe.

kaloku ekhathazekile njengoku, makube mhlawumbi wayesoyika? Kanti yiyiphi indlela awayecinga ukuba uza kubafela ngayo abantu bakhe?
Inyaniso kukuba: akukho nto ikukuba umntu omnye afele ubugwenxa babanye abantu. UThixo Olilungisa Angekhe abulale iSicaka saKhe uYesu endaweni yabangcolileyo, unotshe nakanye. NakwiNcwadi yaKhe eNgcwele Usixelela okokuba: **“Akukho mntu uzuza (isono) engasizuzeli isiqu sakhe. Kungekho mthwali wamthwalo oza kuthwaliswa (umthwalo) womnye (umntu). Kananjalo eNkosini yenu kulapho niza kubuyela khona, ke Yona Iya kunixelela ngezo ndawo naningavumelani ngazo.”** (i'Kur'ân eNgcwele 6: 164)
Oku kungqinelane nokwathethwa nguMprofeti uHezekile: *“Yabonani, yonke imiphefumlo yeyam; umphefumlo woyise unjengomphefumlo wonyana, yeyam yomibini; umphefumlo owonayo, kuya kufa wona.”* (UHezekile 18 ivesi 4)
Ngamanye amazwi akuzukona abantu kuze kubulawe uYesu, abantu baza kohlwaywa ngezono zabo hayi uYesu, uxolo lube phezu kwakhe.

Xa siluyeka apho ubethelelo mnqamlezweni, oku kusifikisa kwinyani yokuba: bonke abaProfeti bakaThixo ababethunyelwe phambi koMuhammad, wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, babethunyelwe kwiintlanga okanye izizwe zabo kuphela noMprofeti uYesu, uxolo lube phezu kwakhe, ungomnye wabo baProfeti banjalo. UYesu wayengathunyelwanga ehlabathini lonke, njengoko kusitshiwo, kodwa yena uMuhammad wayethunyelwe ehlabathinil lonke. Kananjalo siza kukubona oku eBhayibhileni nakwi‘Kur’ân nakwiintetho zoMprofeti uMuhammad, wanga uAllah angamsikelela, amphumlise ngoxolo.
AmaKhristu abasingela phantsi abantu abangamamkelanga uYesu njengenkosi nomsindisi wabo kuba bakholelwa kwinto yokuba uYesu wayezele abantu bonke, ngoko ke, wena ungamamkelanga uYesu, akukho lusindiso kuwe.
Kodwa kwimbali kaYesu sifumanisa okokuba ekuqalekeni komsebenzi wobuProfeti bakhe wayiphika into yokuba uzele ihlabathi lonke. Oku wakubonisa nangokhetho lwakhe lwababafundi, ekwakukho phakathi kwabo uSathana uPetros, uYuda Sikariyoti, umngcatshi noTomas oneentandabuzo, bonke aba yayingamaSirayeli. Ezinye iintlanga zazingenammeli kumbuso kaYesu koko kuphela yaba zizizwe ezilishumi elinambini zendlu kaSirayeli zodwa.
Kanti ke uYesu akazanga le nto ayibonakalise ngokhetho lwabafundi bakhe kuphela, koko wayidandalazisa ngamazwi nangezenzo. Wena uthi: “Kanjani?” Thina sithi kwiVangeli ngokubhalwe nguMateyu isahluko 10 ivesi 5, sifumana le ngxelo ilandelayo: *“Abo bashumi linababini wabathuma uYesu, akuba ebayalile, wathi, Ze ningasingi endleleni yeentlanga, ningangeni nasemzini wamaSamariya; yiyani ke kanye kwizimvu ezilahlekileyo zendlu kaSirayeli.* (UMateyu isahluko 10 ivesi 5).
Yintoni umSirayeli? UmSirayeli ngumntu ophuma kumnombo kaYakobi. Thina eMzantsi Afrika asingabomnombo kaYakobi yaye asisokuze sibe ngabo, nokuba singazama kangakanani na, ndiyayiqonda into yokuba abantu abamnyama abalandela inkolo yobuRastafari bazicingela ukuba basuka kumnombo kaSirayeli. Ngamanye amazwi bangamaSirayeli. Oku kusenokuba kubangelwa kukuqhunywa neengcingane okubangelwa kukusebenzisa umya kakhulu (intsangu) obenza bazicingele ukuba bayinto abangeyiyongo. Kuphela ngabantu abathile eTopiya abanokwenza ibango elinjalo, abanye abanalo ilungelo loko, into abayiyo benza umgunyathi yaye igwenxa into yokuba



شبكة الألوكة - قسم الكتب

umntu azilande kumnombo wenye indoda engeyiyo eyomlibo wakhe
Omnye umhlobo wam ongumKhristu wayeshumayela uKhristu wakhe kum, ezama ukundirhwebeshela 'enkosini, umsindisi' wakhe, wathi kum, "Mamela apha mhlobo wam, yamkela uKhristu njengenkosi nomsindisi wakho." Ndamxelela mna okokuba, sele ndinaYe owam uMsindisi yaye lo Msindisi wam wanele, Andinamfuno yabasindisi abangabanye. Wathi yena, "Ewe kodwa uYesu nguyena ufanelwe lunqulo lwakho, ngokuba nantoni na oyifunayo egameni lakhe uya kukunika." Ngokungengathi bendikhe ndakhalaza kuye ngokungakufumani endikuthandazelayo eNkosini yam, uAllah. Ndathi mna: "Nyani na? Andicingi njalo kodwa mna, kuba uYesu wayengakwazi ukuphendula imithandazo eyayisenziwa kuye kwangethuba wayeselapha kulo mhlaba, kubekele phi ke ngoku kum osemazantsi ekupheleni kwelizwe? Wena ushumayela uYesu kum owayebalele abafundi bakhe ukuba bashumayele abantu abangengomaYuda namaSamariya ayengabamelwane bakhe ekusenokwenzeka ukuba (amaSamariya lawo) ayethetha ulwimi olusondeleyo kolwakhe, Uza kuthetha njani nam ndakugqiba ukuba ndithetha ulwimi olwahluke kangaka kolwakhe? Umhlobo wam wabonakala engathi akakuqondi kakuhle apho ndisingisele khona. Ndaqhubeka ndathi: "UYesu azanga afune ukuphulaphula umKananekazi ngenxa yokuba wayengengomSirayeli, uza kundiphulaphula andiphendule ke mna, ndingumXhosa ongenakuzalana nakuzalana namaSirayeli, ndingowaseMzantsi Afrika abe engazanga wamphendula umntu owayephambi kwakhe, lo gama lowo wayemcela ukuba amenzele inceba wayemjongile embona ngamehlo? Andikho kwimeko emaxongo ngakumbi ke mna kunaye? ngokuba andimboni nakumbona, ndingathembanga nokuba uyandibona na yena. Masikhe sifunde sobabini": *"Ephumile khona apho, uYesu wasinga kwimida yaseTire neTsidon. Kwathi thu umKananekazi evela kuloo mida, ekhala esithi, Ndenzele inceba, Nkosi, nyana kaDavide; intombi yam iphethwe yidemon kakubi. Akamphendula ke nelizwi eli. Beza abafundi bakhe, bamcela besithi, Mndulule, ngokuba usilandela ekhala. Waphendula ke yena wathi, Ndithunywe kwizimvu ezilahlekileyo zendlu kaSirayeli zodwa…"*
(uMateyu 15 ivesi 21-24)
Ekuyifundeni kwakhe umhlobo wam le vesi ndaphawula okokuba yayikokokuqala eyibona ngamehlo, azanga wakha wayifunda ngaphambili. Wamana eyijonga eqalela ekuqaleni ngokungengathi wayengayikholelwa into ayifunda ngamehlo wakhe. Emva koko wandixelela okokuba kuza kufuneka agoduke aye kubuza intsingiselo kumfundisi wakhe aze abuye andixelele mna kusuku olulandelayo. Ndathi mna: "Kulungile." Kusuku olulandelayo wathi umfundisi wakhe umxelele ukuba mna andingekhe ndiyiqiqe laa vesi ndingathanga ndibhaptizwe egameni likaYesu, ndifumane nesipho soMoya oyiNgcwele.
Ndathi mna, "Ngumhlangenqaba, uthini na apha kum! Ufuna ukundixelela okokuba kulaa cawa yenu nibhaptizwa ngoMoya oyiNgcwele owahlukeneyo? Abefundisi babhaptizwa ngomnye uMoya ze abangengobafundisi babhaptizwe ngomnye kusini na?" Waphendula wathi, "Hayi akunjalo sibhaptizwa ngoMoya omnye…" Ndangenelela, "Kodwa bekutheni ukuba uMoya okuwe ungakwazi ukundichazela intsingiselo yalaa vesi?" Ndaqhubeka, "Yiza kakuhle mfondini, makube ninoMoya oziintlobo ngeentlobo kungenjalo niyazityhola njee ngalo moya nibe ningenawo. Bendisazi kakade okokuba umfundisi wakho uza kwenza ngathi le vesi iqulethe intsingiselo efihlakeleyo lo gama icace kangaka. Kaloku uMoya oyiNgcwele lisebe labo lenkawu abadla ngokusithela ngalo xa bexakwe kukucacisa ukungangqinelani okuninzi okufumaneka enkolweni yabo.

Inyaniso kukuba: uYesu wayeze kumaYuda, kuphela. Utsho uAllah kwi'Kur'ân, utsho uYesu kwiVangeli kaMateyu, utsho njalo noMuhammad kwiHadîth, nathi siyayikholelwa loo nto, nibe nina maKhristu niyikhanyela. I'Kur'ân inika ubungqina ngala mazwi alandelayo: **"Kananjalo Yena (uAllâh) Uza kumfundisa (uYesu) iNcwadi nobulumko, iTorah neInjîl. (iVangeli), Amenze (uYesu) uMthunywa kubo abaNtwana bakwaSirayeli: (Athi uYesu kubo): "Mna ndize kuni nomqondiso ovela eNkosini yenu, wokuba ndinixonxele umfuziselo wentaka ngodongwe, ndiphefumle kuwo, ize ibe yintaka ngamandla kaAllâh; ndiphilise abazelwe beziimfama, nabaneqhenqa, ndize kananjalo ndivuse abafileyo ngamandla kaAllâh, kwaye ndiya kunixelela eniza kukudla nenikugcinileyo** komawenu. Inene, apha koku kukho umqondiso ukuba niyakholwa (ngenene)." (I'Kur'ân iSahluko 3 iVesi 48-49)

UMPROFETI WEHLABATHI

UMprofeti weIslam kwa-esawuqala umsebenzi wobuProfeti bakhe, wayethunyelwe ebantwini bonke. I'Kur'ân itsho, utsho naye, imbali ngobomi bakhe itsho njalo, nathi siyangqina nibe nina ningamamkeli. Azanga alindele ukuba aqale aliwe luhlanga lawakhe phambi kokuba asamkele thina bantu bangelohlanga lwakhe. Kule Vesi ilandelayo ye'Kur'ân, uAllah, uZuko malube kuYe, Uthi: **"Asikuthumelelanga ukuba Ube yinto yimbi Ngaphandle kokuba ube nguMvakalisi weendaba ezilungileyo noMlumkisi ebantwini bonke, kodwa uninzi lwabantu alwazi."** (I'Kur'ân 34 ivesi 28)

Kwakhona uMprofeti oNgcwele uMuhammad, wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, uyalelwa kuthiwe kuye:
**"Yithi (Muhammad), 'Hini na Bantu! Inene mna ndithunyelwe kuni nonke njengoMthunywa kaAllâh – Olongamelo lwamazulu nomhlaba ilolwaKhe. Akukho thixo wumbi ngaphandle kwaKhe. NguYe Onika ubomi Enze ukufa. Ke kholwani kuAllâh noMthunywa waKhe ongakwazi kufunda nakubhala, Okholwa kuAllâh namaZwi waKhe (i'Kur'ân), kananjalo mlandeleni yena khon'ukuze nikhokeleleke.'"** (i'Kur'ân iSahluko 7 iVesi 158)

Umyalezo we'Kur'ân ngumyalezo ojoliswe kwihlabathi lonke, ayingomyalezo wesizwe esithile sodwa njengokuba kunjalo kuMoses noYesu koko wona ubhekiswe kubantu bonke **"Ngoku ke nina nisingise phi? Inene le ('Kur'ân) ayinto yimbi ngaphandle kokuba yinkumbuzo kwindalo yonke. Kuye nabani na kuni ofuna ukuhamba ngokuthe Ngqo."** (i'Kur'ân iSahluko 81 iVesi 26-28)

MAYELA NOKUPHUMA EMLONYENI WENDODA NGOKWAYO

Thina sithabatha oko kwatshiwo nguYesu noMuhammad ngemilomo yabo, asithethi ngamaphupha nemibono eyabikwa ngabo kamva sele kukudala bemkayo kulo mhlaba. Okuthethwa ngumntu ngokwakhe kunamandla ngakumbi kunoko kuthethwa ngaye ngabantu.
UAnas bin Mâlik, wanga uAllah Angakholiseka nguye, ubalisa okokuba: "Sathi sisahleli noMprofeti emasjid, kwafika indoda ethile ikhwele inkamela. Yaguqisa inkamela yayo phakathi emasjid, yayipana amanqina ayo angaphambili yakugqiba yathi, 'Ngubani na

www.alukah.net

apha kuni uMuhammad'? Ngeloo xesha uMprofeti wayehleli (nabafundi bakhe,) engqiyame ngengalo yakhe. Saphendula thina, 'Yile ndoda imhlophe ingqiyame ngengalo yayo.' Indoda leyo yabhekisa kuye (yathi):
"O nyana ka'Abdul Muṭṭalib.' Wathi uMprofeti, ***'Ndim lo ndilapha ukuza kuphendula imibuzo yakho.'*** Ithe ke indoda leyo kuMprofeti, "Ndinga ndingakubuza into ethile eza kubanzima ngokombuzo. Ngoko ke uze ungakhubeki.' UMprofeti wathi, ***'Buza nantoni na ofuna ukuyibuza.'*** Yathetha naye ke indoda leyo yathi, Ndiyakubuza egameni leNkosi yakho, iNkosi yabo babakho ngaphambili kunawe, INGABA UALLÂH UKUTHUMELE UKUBA UBE NGUMPROFETI EBANTWINI BONKE? Waphendula uMprofeti, ***"Ndifunga uAllah, Ewe."*** Indoda leyo yaphinda yathi, "Ndiyakubuza egameni leNkosi yakho, Ingaba uAllah Ukuyalele ukuba uzile ukutya ngayo le nyanga yonyaka (iRamađân?") Waphendula yena, ***"Ndifunga uAllah, ewe."*** Yaphinda indoda yambuza, "Ingaba uAllah Ukuyalele ukuba uthabathe iZakah (umrhumo wamahlwempu) kubantu bethu abazizityebi, uyabele abantu bethu abangamahlwempu?" UMprofeti waphendula, ***"Ndifunga uAllah, ewe",*** Apho ke indoda leyo yathi, "Ndiyakholwa kuko konke oko ukuthunyiweyo, yaye mna ndithunywe ngabantu bakuthi njengesidyoni, Mna ke ndinguĐimâm bin Tha'laba, osuka kubazalwana bamaBani sa'd bin Bakr."
(Bukhari Vol 1, hadîth 63, page 54-55)

NEZINYE IZIZWE ZIYAMENYWA

Xa wayebuzwa uMuhammad, wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, okokuba uze kuluntu lonke na nokuba hayi, wathi yena, ***"Ewe."*** Siyeva kananjalo kwimbali ngobomi bakhe okokuba wamema zonke izizwe ezingabamelwane bakhe, ezimemela kwinkolo yakhe engekasweleki. Wathumela abathunywa eAfrika, eRoma, nakwezinye iindawo. Ngenxa yoko ke ukumakani uNajasha waseTopiya wayamkela iIslam waba ngukumkani wokuqala ukwamkela iIslam ehlabathini lonke. Kwezinye iindawo zezizwe ezingengomaArabhu wathumela iileta. Kanti nakwimbali ngobomi bakhe (iSîrah) kubhaliwe okokuba iqela leenkosi zeendawo ezingqonge elamaArabhu zeza zaza kwamkela iIslam kweso sandla sakhe sibekekileyo.
Kodwa yena uYesu, Lwanga uxolo lukaAllâh lungaba phezu kwakhe, wathi yena uthunyelwe kwizimvu ezilahlekileyo zendlu kaSirayeli zodwa. Ukuba amazwi la anentsingiselo ayiquletheyo, ilizwi elithi, *"zodwa"* lithetha ukuthi akakho omnye. UYesu ude walishiya eli phakade kungazanga kwabakho mntu ungengomSirayeli owakha wamkela inkolo yakhe kuye ngqo okanye gwegwelezileyo. Azanga wathumela nabathunywa eAfrika. Siyayazi into yokuba wakha washumayela kwelamaSamariya apho kuthiwa *kwakholwa kuye into eninzi yamaSamariya kuloo mizi, ngenxa yelizwi lentokazi leyo, yangqinayo…*(UYohane 4 ivesi 39). Kodwa naloo maSamariya akholwayo kuye kusenokwenzeka ukuba ayengamaSirayeli ayehlala kwelamaSamariya kuba kaloku amaYuda kudala athi saa emhlabeni, ngokuba nalaa ntokazi ithi xa ixoxa naye ithi: *"Wena umkhulu yini na kunobawo wethu uYakobi, owasinikayo iqula eli, wayesela kulo yena, nabantwana bakhe, nemfuyo yakhe?"* (uYohane 4 ivesi 12)
UYakobi owathi kamva kwiGenesis 32 ivesi 28 wanikwa igama lokuba nguSirayeli, unguyise wamaSirayeli, nguye ke lo le ntokazi ithetha ngaye ithi ngubawo wabo. Ngoko ke la maSamariya kuthiwa akholwa kuYesu ayengamaSirayeli. Ukuba ngaba laa ntokazi nabaa bantu bakholwayo kuYesu babengengomaSirayeli oko kothetha ukuthi uYesu



شبكة الألوكة - قسم الكتب

www.alukah.net

wayethetha eziphikisa kuba wayethe kumaTeyu 10: 5 *"Ze ningasingi endleleni yeentlanga, ningangeni nasemzini wamaSamariya; yiyani ke kanye kwizimvu ezilahlekileyo zendlu kaSirayeli."*

Nditsho nompostile uPawulos imbala, ongoyena mseki wobuKhristu, azanga alubeke olwakhe unyawo kwilizwekazi iAfrika ukuza kushumayela usindiso lwakhe. Nawe ungafane uzifundele ngazo zonke iihambo zakhe nazo zonke iileta zakhe ezisesona sahlulo sikhulu seTestamente eNtsha, zonke zibhekiswa kumabandla wakhe aseRoma, eKorinte, eGalati, eEfese, eFilipi, eKolose, eTesalonika, nakwiitshomi zakhe, uTimoti, uTito noFilemon. Akukho nanye eyabhalelwa amaAfrika. Nditsho noFilipu abasoloko bethetha ngaye njengomntu oweza eAfrika (iZenzo 8 ivesi 26-31), wadibana nomAfrika owayengumYuda omnyama waseTopiya, wayengengomAfrika gqibi ngokwendlela eyamkelekileyo yobuAfrika, yaye babengadibenanga eAfrika koko badibana eYerusalem. Ngoko ke uFilipu wayengumYuda nomAfrika lowo wayengumYuda, ayiyonto ingako leyo. Kodwa yena uMuhammad, Wanga uAllah angamsikelela amphumlise ngoxolo, wayenabafundi abaninzi ababizwa ngokuba ngamaSahâbha kwaye babephuma kwizizwe ezahlukeneyo, ukuba sinokukhankanya nje abambalwa, singabalula uAbubakr, owayengumArabhu, uSalman owayengumPersi (waseIran), uAbdullah ibin Salâm owayengumYuda noSuhaib Ar-Rumi owayengumfo owayephuma eRoma kungenjalo eGreece njengokuba abanye besitsho phakathi kwethu, aze yena uBilâl unyana kaRhabâh abe ngumAfrika omnyama owayephuma eTopiya. Aba bahlanu ndibabalileyo yayingabanye babo bafundi babesondele kakhulu kuye. Oko kwaqinisa ibango lakhe lokuba yena wayethunyelwe kubantu bonke. Ukanti ehlabathini lonke akukho nkolo ithetha phandle ngokuchasene nokucalulana kweentlanga njengenkolo yeIslam. Abelungu beza nobuKhristu babo besuka nabo eYurophu kunye nobandlulo. Balwenza olo bandlululo lwabo ukususela ngo1952 bada ekugqibeleni bayiyeka inxalenye yalo ngo1994. Ndithi inxalenye yalo kuba nangonyaka u2003 safunda kwiphephandaba i'Argus' okokuba inkosikazi ethile yomntu webala yakhatyelwa ngaphandle ecaweni kwicawa yaseNG Kerk eParow. I-NG Kerk leyo ngo1986 yapapasha intetho yokuba "iIslam yinkolo yobuxoki." AmaKhristu angamaBhulu azanga aluyeke ucalucalulo ngokupheleleyo nasemva kwale nkqubo intsha yolawulo yaseMzantsi Afrika, ngenxa yantoni? Ngenxa yokuba akukho sikhokelo sicacileyo sifumaneka esiBhalweni sawo. Ukusuka apho isigxininiso sikwinto yokuba ngubani owalala nabani, wazala bani. I-Islam yona kwasekuveleni kwayo yavela ayabi nalo nje tu igumbi localucalulo kuyo. I'Kur'ân Ithetha ngokungenazagwelo ngayo le nto:

**"Hini na Bantu! Sinidale ngendoda nomfazi, Sanenza naziintlanga nezizwe, khon'ukuze nazane. Oyena uhloniphekileyo phakathi kwenu ngulowo umoyika kakhulu uAllâh. Inene uAllâh nguSolwazi, Owazi konke."**
(iKuran eNgcwele 49 iVesi 13)
Kuzo zonke iinkolo zehlabathi endakha ndafunda ngazo, yiIslam kuphela equbisana, ijongane ngqo nombandela wobuhlanga. Umzekelo, ngethuba amagorha angamaArabhu ayethumele igqiza lawona madoda wawo anobunkcubabuchopho ukuba aye kubonisana ngemibandela yokunikezelwa kwekomkhulu laseYiputa ekhokelwe yindoda emnyama egama layo lalingu'Ubadah owaye eyeyona ndoda yayinobuchule kakhulu kunabo bonke. UArch Bishop wamaKhristu uCyrus wagqwagqwazela! "Susani loo ndoda imnyama (phakathi kwenu)! Mna andiyi kuba nangxoxo nayo." Okwayothusayo iBhishop



شبكة الألوكة - قسم الكتب

engcwele, kukuba basuke bamxelele okokuba le ndoda yayithunyelwe ngumphathi mkhosi uAmr, (yaxelelwa iBhishop kwanokuba) amaMuslim abathabatha abantu abamnyama nabamhlophe ngokulinganayo, agweba umntu ngokwezenzo zakhe hayi ngokwebala lakhe. "Kulungile ke ukuba kunyanzeleke nikhokelwe ngumntu omnyama kuza kufuneka athethe ngobunono ke," yayalela yatsho iBhishop, "khon'ukuze angabothusi abamhlophe abaze kumphulaphula."
Inkokeli yomntu omnyama yaphendula: "Kusekho iwaka lonke labantu abamnyama njengam nje emkhosini wethu. Mna kunye nabo sikulungele ukugagana silwe neentshaba ezilikhulu. Thina siphilela ukukholisa nokulwela uThixo, nokulandela intando yaKhe. Asikhathalelanga butyebi, oko nje ukuba sinayo into yokuba sigxothe iphango nokwambesa imizimba yethu. Eli hlabathi alinto yanto, elizayo lilona liyinto yonke kuthi." (S.S Leedr, Veiled Mysteries of Egypt, London, 1912, pp. 332-335)
Kwesi siganeko uS.S Leeder abhale ngaso apha, sibona iIslam inganelanga nje ukwamkela abantu abamnyama okanye amaAfrika esibayeni sayo koko nokubeka abo banako phakathi kwabo kwizikhundla zobunkokeli. Obu bobunye ubungqina bokuba uMprofeti uMuhammad, wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolo, wayethunyelwe kubantu bonke. Yena wayengenabantu wabakhetha kuqala kunabanye aze athi abo bantu besakungamamkeli ancamele kwabanye.

**"Omnye wemiqondiso yaKhe kukudalwa kwamazulu nomhlaba nokwahlukana kweelwimi zenu nemibala yenu. Inene kuko oko kukho umqondiso kwabo banolwazi."** (I'Kur'ân eNgcwele 30 iVesi 22)

I-ISLAM ISOLOKO IYINKOLO YABANYE ABANTU.

Lo gama iIslam iyinkolo yabantu bonke emhlabeni, okothusayo abantu beendawo ngeendawo basoloko beyinika abanye abantu, umzekelo, eJamani yaziwa njengenkolo yamaTurk, eIngilane yaziwa ngokuba yinkolo yamaPakistani, eMelika yaziwa ngokuba yinkolo yabantu abamnyama ukanti eMzantsi Afrika ijongwe njengenkolo yamaNdiya kungenjalo eyamaMaleyi. Kwazulu Natala kwalapha eMzantsi Afrika ithatyathwa ukuba iyinkolo yamaKula. Ukuba ngaba nguSathana lo walahlekisa ihlabathi ekuthini liyichase, lingayamkeli inkolo yalo, iIslam, njengoko abaninzi bethu besenza, makube ke waphumelela. Azanga afunge na kanene okokuba: **"O Nkosi yam! Ngenxa yokuba Undibeke ekulahlekeni, inene mna ndiya kuyihombisa indlela eya ekulahlekeni kubo (abantu) emhlabeni, yaye ndiya kubalahlekisa bonke. Ngaphandle kwezicaka zakho kubo."**
(IKuran eNgcwele 15 iVesi 39 40)
Ngokucacileyo ke uninzi lwethu eMzantsi Afrika nasehlabathini lonke ngelishwa lubekwe ebugwenxeni, ngaphandle kwezicaka ezinyanisekileyo zikaAllâh (amaMuslim) ezihlanjululwe lubabalo lwaKhe.

NDIM INDLELA, NDIM INYANISO NDIM UBOMI

baninzi phakathi kwamaKhristu abathanda ukukugibisela ngesi sicatshulwa sifumaneka kuYohane 14 ivesi 6, ngaphandle kwengqiqo eyiyo. Abasilelayo ukukuqonda ngayo yonke le nto kukuba uMprofeti ngamnye ngexesha awayephila ngalo wayeyindlela,

ebubomi, eyinyaniso, kwakungekho bani wayenokusondela kuAllâh ngaphandle kwakhe (uMprofeti lowo). Kodwa abanye abaProfeti bakaAllah abazanga bakuthethe oku ngamazwi, bona oku bakubonisa ngezenzo. NguYesu, lwanga uxolo lukaAllah lungaba phezu kwakhe owayithetha ngamazwi le nto. Eneneni kwakungekho namnye kwisizwe sakhe awayezele sona owayenokusondela kuAllâh ukuba wayengakholwa kuye yena Yesu owayenguMprofeti kaAllâh. Siyakubona oku kwixesha likaMprofeti uNowa *owaye eyindoda elilungisa, egqibeleleyo, ezizukulwaneni zakhe. UNowa wahamba noThixo.* (iGenesis 6 ivesi 9). Siyakubona kwakhona oku ngexesha likaIsake abantu besiza kuye, bezama ukuzitshomanisa naye besoyika ukumcaphukisa kuba hleze uThixo angakholiseki ngabo. (IGenesis 26- ivesi 26-28)
Kanti nakwixesha likaMoses siva uAllâh Echaza uMoses njengoyena kumele kumanyelwe yena (iNumeri 12 ivesi 7). Ngoku ke eli ithuba lelikaMuhammad, wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolo. Uthi kananjalo uAllâh ngaye:
**"Asikuthumelelanga (wena Muhammad) ukuba ube yinto yimbi Ngaphandle kokuba ube nguMvakalisi weendaba ezilungileyo noMlumkisi ebantwini bonke, kodwa uninzi lwabantu alwazi."** (I‘'Kur'ân eNgcwele 34 iVesi 28)
Kunyanzelekile ukuba alandelwe, uAllâh Akazanga Athumele Mprofeti Emthumelela ukuba angamkelwa ze abo bangamamkeliyo loo Mprofeti bangahlawuli ngokungamamkeli kwabo. UAllâh Uyabahlawulisa abantu. Abantu bakaNowa bahlawuliswa, abo baseSodom naseGomora bahlawuliswa kanti noMiryam nomnakwabo uAron bahlawuliswa. Ngoko ke nabantu beli xesha likaMuhammad, Wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolo, baza kuhlawula ngokungamamkeli kwabo. UYesu, uxolo malube naye, weza kwabakhe (amaYuda), abakhe abamkela noMuhammad weza kwabakhe (abantu behlabathi lonke) abakhe abamakela.
Into ekufuneka siyigxinisile apha kukuba amaKhristu ayamala uMuhammad, esithi wona angabantwana bakaThixo, abaphantsi kobabalo, iintandane zikaThixo, nto leyo ifana ngqo nendlela amaYuda amala ngayo uYesu esithi wona angabantu abakhethiweyo, nguThixo, bengabalandeli bakaMoses bona.

## UKWENZIWA UTHIXO KUKAYESU

UYesu wafundisa amaSirayeli okokuba uThixo Mnye, yaye ngokungathandabuzekiyo oku kubamnye kukaThixo kwakungaquki naye yena Yesu okanye nayiphi na enye into. Eneneni wena ngabalandeli bakhe abamenza uthixo uYesu emva kokulishiya kwakhe eli, akazanga azenze uThixo yena buqu, Izihlandlo ezithathu eBhayibhileni, amathuba adaleka kuYesu ukuba abange ukuba unguThixo ngethuba wayesahamba kulo mhlaba kodwa akazanga enze njalo, ukusuka apho wasuka wabonakalisa ukuba ngumntu wakuphika kwaphela ukuba unguthixo ngandlela zonke. Elinye laloo mathuba kwaba ngelixa enye indoda yeza kuYesu, yathi kuye, *"Mfundisi ulungileyo, yiyiphi na into elungileyo endingenza yona, ukuze ndibe nabo ubomi obungunaphakade?" Uthe ke kuye, Yini na ukuba uthi ndilungile? Akukho ulungileyo, mnye kwaphela, nguThixo. Ukuba ke uthanda ukungena ebomini, yigcine imithetho."* (UMateyu 19 ivesi 16 17)

Apha kwesi sicatshulwa singentla sifumanisa okokuba uYesu wayala kwa-into yokuba kuthiwe unguMfundisi olungileyo wayichaza ngokucacileyo nento yokuba nguThixo Yedwa olungileyo, kutheni angathi sithi abalungileyo ukuba uyinxalenye kaThixo?

Yayilithuba ke eli lokuba azazise njengoThixo ebantwini kodwa azanga ayenze loo nto.

Elinye ithuba kwaba ngelixa omnye wakubabhali; *wabeva bebuzana; waqonda ukuba ubaphendule kakuhle. Wambuza esithi, Owona mthetho uphambili kuyo yonke nguwuphi na? UYesu wamphendula ke esithi, Owona ungaphezulu kuyo yonke imithetho ngulo: Yiva Sirayeli, iNkosi uThixo wethu yiNkosi inye.* (UMark 12 iversi 28-29)

Eli yayilelinye ithuba kuye lokuba azichaze nehlakani lakhe, uMoya oyiNgcwele nanjengenxalenye yesiqu esinguThixo kodwa azanga nakanye enze loo nto, Yena wahlala kwinto yokuba uThixo UnguThixo Omnye azanga athi bathathu, wathi Mnye, igama elithi mnye lithetha ukuba mnye qha ngesiXhosa. Kwakhona indoda eyayibuze lo mbuzo ungentla kwesi sicatshulwa sikaMarko 12 ivei 28-29, yavuma, yamxhasa nokumxhasa yathi, *"Ngxatsho ke, Mfundisi, uthethe inyaniso; ngokuba mnye uThixo, …"* (UMarko 12 ivesi 32)

Eli ke yayilithuba lesithathu ekwakufanele ukuba uye wabazisa abantu ngobathathu emnye kodwa akazanga, engazanga aphikise nto naxa indoda yayisithi kuye: *"Mnye uThixo, akukho wumbi ngaphandle kwakhe."* Akazanga athi: "Nam kunye nehlakani lam, uMoya oyiNgcwele." Ngamafutshane, akukho vesi eBhayebhileni apho uYesu wabanga ukuba unguThixo uSomandla, nalapho wayalela abantu ukuba bamkhonze. Iivesi amaKhristu abambelele kuzo ekwenzeni kwawo uYesu uThixo zintsokothile yaye zisengatolikwa ngeendlela ezininzi. Kodwa yena uYesu wembali wayalela abantu ukuba bakhonze uThixo Yedwa. Kuphela yaba nguYesu wemibono okanye wamaphupha owanika imfundiso eyahlukileyo. Yena uYesu wembali azanga azibone elingana noThixo ukusuka apho yena waxelelela abafundi bakhe okokuba: *"Nivile ukuba ndithe mna kuni, Ndiyemka, ndibuye ndize kuni. Ukuba beninditanda, ngenavuyayo kuba ndathi, Ndiya kuBawo; ngokuba uBawo mkhulu kunam."* (UYohane isahluko 14 ivesi 28)

Kodwa uPawulos owayefumana imiyalelo kuYesu wemibono uphikisana noYesu wembali, ngokuba wabhala wathi: *"Yena wathi, esebumeni bukaThixo, akathi ukulingana kwakhe oku noThixo kulixhoba; usuke wazihluba, wathabatha ubume bomkhonzi…"* (Kwabasefilipi 2 ivesi 6-70)

Kwesi sicatshulwa uPawulos wenza abantu baseFilipi bakholelwe kwinto yokuba uYesu uyalingana noThixo kwanokuba wayezithoba nje xa wayesithi: "*UBawo mkhulu kunam."* Oku ngendlela ethile kuthetha ukukuthi, uYesu wayengakholelwa nyani kwinto awayeyithetha. Ke mna njengeMuslim eliMoyikayo uThixo, andiyicingi nokuyicinga into yokuba uYesu lo wayengumntu owayeshumayela ebantwini into angakholwa kuyo yena yaye oku kusisithuko kuMprofeti kaThixo ukuthetha njalo kwaye kukuphikisa uYesu, uxolo lube naye. Uyesu uthi kubafundi bakhe uThixo Mkhulu kunaye, uPawulos uyafika kamva ephikisa uYesu, uxelela amaFilipi ukuba uYesu wayelingana noThixo, ngubani ke ngoku kubo bobabini uYesu noPawulos othetha inyani? Mna ndedwa ndikholelwa uYesu ongaphikisaniyo nabanye abaProfeti bakaThixo ababethunyelwe ngaphambili kunaye abafundisa abantu ukuba uThixo mkhulu kunabantu bonke. Umndilili wamaKhristu ukholwa kuPawulos kunokuba ukholwe kwinkosi yawo uYesu ngokuba maxa onke usithi uYesu wathi, wona athi, kodwa uPawulos wathi, kwileta awayibhalela abaseRoma, kwabaseKorinte, kumaGalati, kwabaseEfese, kwabaseFilipi, kwabaseKolose, kwabaseTesalonika, kuTimoti, kuTito, kuFilemon nakumaHebhere. Zonke ke ezi

yayiziileta kuphela awayezibhalele amabandla wakhe ahlukeneyo kodwa kungoku nje ziye zaba yinxalenye yesiBhalo samaKhristu zathatyathwa njengelizwi likaThixo, nto leyo ingalunganga.
Enye inqontsonqa ekufuneka singayilibalanga ukuyikhankanya apha kukuba wayesithi xa uYesu ethetha ngokucacileyo, wona amaKhristu amcingele ukuba uthetha ngokuntsokothileyo, aze athi xa ethetha ngokuntsokothileyo wona amcingele ukuba uthetha ngokucacileyo. AmaYuda nawo ayengayiva into eyayithethwa nguYesu phantse onke amaxesha wayethetha nawo. Ngenye imini uYesu wathi: *"Mna noBawo sibanye."* (UYohane isahluko 10 ivesi 30)
AmaYuda acinga ukuba uthi, yena noBawo wakhe bangumntu omnye. Ngamanye amazwi yena unguThixo uSomandla. Kodwa yena uYesu apha wayethetha ngenjongo. Yena nobawo wakhe babebanye ngenjongo, hayi ngesiqu. AmaYuda achola amatye ukuba amxulube, esithi: *"Asikuxulubeli msebenzi mhle, sikuxuluba ngokuba unyelisa; nangokuba wena usithi, ungumntu nje, usuke uzenze uThixo."* (UYohane 10 ivesi 33)
AmaKhristu nawo ayangqinelana namaYuda athi uYesu wayethetha ukuba unguThixo uSomandla qha yena wayengenzi bango labuxoki koko wayefanelekile ukulenza. Ngokucacileyo ke nawo oku kwawo akazanga ayiqiqe into eyathethwa nguYesu kuba uYesu yena wayethetha ngokuntsokothileyo xa wayesithi yena noYise banye.

Ekuzisindiseni kwakhe kwesi sityholo uYesu wabuza umbuzo kumaYuda: *"Akubhaliwe na emthethweni wenu, kwathiwa, Mna ndithe ningoothixo? Ukuba uthe bona bangoothixo, eleza kubo ilizwi likaThixo (sibe isibhalo singenakwaphulwa), nitsho na nina ngaye lowo uYise wamngcwalisayo, wamthuma ehlabathini, ukuthi, Uyanyelisa; ngokuba ndithe, NdinguNyana kaThixo?"* (UYohane 10 34-36)
Uthi, *"Akubhaliwe na emthethweni wenu, kwathiwa, Mna ndithe ningoothixo…"* Oku wayekucaphula kwincwadi yeeNdumiso 82 ivesi 6, ekhumbuza amyena uYesu. *"Khangela, ndikwenze uthixo kuFaro"* (IEksodus 7 ivesi 1). Ngoko ke njengoko wayenguMprofeti naye wayefanelekile ukuba abizwe ngokuba nguthixo. Ke Ngoko yena wayenganyelisi, kananjalo wayengathethi kuthi yena unguThixo uSomandla ngokwaKhe; yena wayethetha ukuthi unguthixo ngokwengqiqo uMoses nomntakwabo uAron babengoothixo phambi koFaro ngayo.
AmaKhristu aye azame ukumisela ubathathu emnye wawo (trinity) kwiBhayibhile yamaYuda (iTestamente eNdala), bacaphule bathi, *"Wathi uThixo, Masenze umntu ngokomfanekiso wethu ngokufana nathi…* (IGenesis 1 ivesi 26). Batsho besithi, "Awuva na ukuba uThixo apha wayethetha nonyana wakhe noMoya oyiNgcwele?" Into ephazamisa amaKhristu apha sisininzi u'*masenze*' no'*nathi*'encwadini yamaYuda. Impazamo yawo kukuba abaqondi ukuba zibini izininzi kulwimi lwesiHebhere njengoko kunjalo nakwisiArabhu. Kwezi lwimi zasempuma, ufumana isininzi samanani nesininzi sembeko. Ngokuphathelene neGenesis 1 ivesi 26, isininzi esisetyenziswe apho sisininzi sembeko hayi esamanani. AmaYuda ayehleli eyifunda kude kudala le vesi kule ncwadi, iminyaka eliwaka elinamakhulu amane engekabikho amaKhristu, akuzanga kubekho namnye umYuda owakha wenza impazamo yokucinga ukuba uThixo Uneziqu ezingaphaya kwesinye. Ukanti ke uThixo ngolwimi lwesiYuda ubizwa ngokuba nguElohim, gama elo lithetha ukuthi ooThixo, kodwa akukho nomnye umYuda owakha wacinga ukuba uThixo uyingqokelela yeziqu.. Nathi maMuslim siyazi okokuba uAllâh Uthetha ngaYe ngemo yesininzi, ngaxa limbi ngemo yesinye kodwa loo nto ayisididekisi sicinge ukuba

www.alukah.net

ngamanye amaxesha uAllâh Uba Mnye ngamanye Abe Mninzi. Siyamazi ukuba uAllâh Mnye, isininzi Asisebenzisayo sisininzi sembeko newonga laKhe, hayi esamanani.

Into eyabangela oku kudideka kukuba nangona ubuKhristu babuvele eMpuma ekuqalekeni kwabo, kamva abantu baseNtshona baye babongamela abaseMpuma ngokumayela nobuKhristu, yaye babengazazi kakuhle izafobe, izaci, amaqhalo nendlela yokuthetha kwabantu baseMpuma, lo gama Yena uThixo Wazazisa eluntwini ngabantu baseMpuma. Kulapho ke ingxaki ivele khona yaye akubonakali ngathi imeko ingabuye ibe ngcono kuba ngoku sele iyiminyaka engamawaka amabini abantu besakholelwa kubathathu emnye (trinity) ongazanga wabakho.

IMIMANGALISO ISIZATHU SOKWENZIWA UTHIXO

AmaKhristu anika izizathu ezininzi xa ezithethelela ngokunqula kwawo uYesu phofu kube kungekho nasinye kuzo esinika imbadla. Uninzi lwabo bamnqula ngenxa yokuba wenza imimangaliso emininzi. Abanye kwalapha kuwo bathi uYesu ngoyena mkhulu yaye ufanelwe kukunqulwa kuba wazalwa ngaphandle kotata, hayi njengabo bonke abaProfeti ababenootata. Kodwa okuphikisana neengcinga zabo yena uYesu akaziboni engoyena mkhulu kunabaProfeti bonke bakaThixo. Yena ngokwakhe wangqina okokuba: *"Inene ndithi kuni, Phakathi kwabo bazelweyo ngabafazi, akuvelanga mkhulu kunoYohane umbhaptizi."* (UMateyu 11 ivesi 11)
Oku kuthetha okokuba uYohane mkhulu kunabo bonke abaProfeti bakaThixo kubandakanya noYesu kuba naye wayezelwe ngumfazi. Qaphela kaloku okokuba akathi phakathi kwabo bazelwe ngamadoda koko uthi phakathi kwabo bazelwe ngabafazi. Ukanti ke siyaxelelwa eBhayibhileni okokuba yena wayezelwe ngumfazi ekuthiwa nguMariya, umkaYosefu, umchweli (ULuka isahluko 2 ivesi 7)
UYohane umbhaptizi mkhulu kunabo bonke kodwa akazanga enze nomnye ummangaliso. Oku kubonisa ukuba imimangaliso ayiyonqobo yokubona ubukhulu bomntu ingeyiyo nenqobo yokubona okokokuba umntu uthunywe nguThixo na nokuba hayi, kananjalo uYesu wathi: *"Kuba kuya kuvela ooKristu ababuxoki, nabaprofeti ababuxoki, benze imiqondiso nemimangaliso yokulahlekisa nabanyuliweyo, ukuba bekunokwenzeka. Lumkani ke nina; yabonani, ndinixelele izinto zonke ngenxa engaphambili."* (UMarko 13 ivesi 22-23)

Xa ngaba abaprofeti bobuxoki nooKhristu ababuxoki bayakwazi ukwenza imimangliso makube loo nto ithetha ukuthi ukwenza imimangaliso ayibobungqina konke konke.
AyingoYesu yedwa owenza imimangaliso, bakhona nabanye abaProfeti bakwaYuda abafika ngaphambili kunoYesu abenza imimangaliso emikhulu engazanga yenziwe nguYesu, kutheni bangakhonzwayo bona?
Ukuba uYesu nguyena mkhulu kubo bonke abaProfeti bakaThixo ngenxa yokuba wayengenatata makube uAdam ngoyena mkhulu kuba yena wayengenatata engenaye nomama lowo na kakade. Inyaniso kukuba: ukungabi natata akumenzi umntu abe nguThixo okanye abe mkhulu kunoAdam, ukusuka apho bangasuka balingane noAdam. Ngokuba uAllâh Uthi kwi'Kur'ân eNgcwele: **"Inene, imfano ka'Îsâ (uYesu) phambi koAllâh inqwa nemfano kaÂdam. (UAllâh) Wamdala (uÂdam) ngothuli, Wathi kuye: "Yibakho!" – wabakho."** (I'Kur'ân 3 iVesi 59)
Okwesibini kukho omnye umntu owayephila kulo mhlaba engekabikho uYesu yaye loo



شبكة الألوكة - قسم الكتب

mntu igama lakhe yayinguMelikisedeke, (KumaHebhere 7 ivesi 1-3)
Utheni enganqulwayo ke yena? Nalapha siyabona kwakhona okokuba ukuzalwa unaye okanye ungenaye umama akumenzi thixo umntu okanye afenelwa kukukhonzwa. NguThixo Yedwa Ofanelwe kukunqulwa kuba nguYe Odala abanye kuthi ukuba babe nooomama nootata. Aze abanye Abadale ngaphandle kwabazali, uZuko malube kuYe lonke.
Esona sizathu siphambili singunobangela wokukhonzwa kukaYesu kungenxa yemimangaliso awayenzayo. Iintlanga ezingabahedeni zazikhonza abantu nemifanekiso eqingqiweyo ixesha elide emhlabeni. Kanti nasemva kokunyuka kukaYesu, iintlanga ezingabahedeni zaqhubeka nokukhonza abantu ababesenza imimangaliso. Funda esi sicatshulwa simngumtyangampo singezantsi apha uzibonele ngokwakho nawe: *"Kwakuhleli ke ndoda ithile eListra, ife iinyawo, isisiqhwala kwasesizalweni sonina, ingazanga ihambe. Yona leyo yayimva uPawulos ethetha; owathi, eqwalasele kuyo, ebona ukuba inokholo lokusindiwa, wathi ngezwi elikhulu, Suka ume ngeenyawo zakho, uthi nkqo; yesuka umtsi, yahambahamba. Ke kaloku iindimbane, zakubona oko akwenzileyo uPawulos, zaphakamisa izwi lazo ngokwesiLikawoni,* ***zisithi, Oothixo bahlile beza kuthi, befana nabantu.*** *Kananjalo zazimbiza uBharnabhas ngokuthi nguHermes, ekubeni ke ibinguye obesisithethi. Kuthe ke umbingeleli kaZeyus, obephambi komzi wabo, wazisa iinkunzi zeenkomo nezidanga zeentyantyambo emasangweni, wafuna ukubingelela, kunye neendimbane. Bekuvile ke oko abapostile, ooBharnabhas noPawulos, bazikrazula iingubo zabo, batsiba phakathi kwendimbane, bedanduluka, besithi, Madoda, yini na ukuba nenjene? Nathi singabantu abeva enikuvayo nina; sinishumayeza iindaba ezilungileyo, zokuba nibuye kwaba thixo bangento, nibuyele kuThixo ophilileyo, owenza izulu nomhlaba nolwandle, neento zonke ezikwezo zinto."* (IZenzo 14 ivesi 8-15)

Kwesi sicatshulwa singentla siyazibonela okokuba uBharnabhas noPawulos bacingelwa ukuba bangoothixo abeza emhlabeni befana nabatu ngenxa yokuba benza imimangaliso, azanga batsho njalo ngoYesu?:.. *"ULizwi waba yinyama, wahlala phakathi kwethu…"* (UYohane 1 ivesi 14)

"Lo 'Lizwi apha nguYesu, kuba xa ufunda olwaphindaphindo lwamagama kuYohane 1 ivesi 1 ukuhla, uya kuphawula okokuba nguYesu lo unguThixo, owayenoThixo, enguThixo njl-njl. (enjani yona i'evolution')!

Kwakhona kwincwadi yeZenzo sifunda kwangoPawulos owathi ngempazamo wenziwa uthixo kwakhona ngelixa babeseMelita: *"Bakuba besindile, baqala ukuqonda ukuba isiqithi eso kuthiwa yiMelita. AmaBharbhari ke lawo asenzela ububele obungahlali busihla; kuba aphemba umlilo, asamkela sonke ngenxa yemvula esifikeleyo, nangenxa yokubanda. Ke kaloku, akubon'ukuba uPawuls utheze inyanda yeentsasa, wayibeka phezu komlilo, kwaphuma inyoka ebushushwini obo, yanamathela esandleni sakhe, athetha odwa athi, Okwenene lo mntu ungumbulali; nakuba esindile adle ubomi. Yena ngoko wasivuthulule la emlilweni isilo eso, akeva buhlungu noko. Ke bona babelinde ukuba uza kudumba, mhlawumbi athi qwaka afe; bakulinda futhi ke, bakubona engahliwa nto imbi,* ***bajika bathi unguthixo..*** *"* (UZenzo 28 ivesi 1-6)

Nditsho noHerode, umcinezeli owayenguzwilakhe imbala naye wayekhe wathatyathwa ngokuba unguthixo oze esenyameni:
*"Ke kaloku uHerode, ngemini emisiweyo, ambethe ingubo yobukumkani, wahlala etroneni yakhe, wawisa ukuthetha kwakhe kubo. Baduma ke abantu,* ***besithi lilizwi lothixo elo, asilo lamntu.***

www.alukah.net

*Samthi qwaka ke kwalapho isithunywa seNkosi, ngenxa enokuba engamzukisanga uThixo; wadliwa ziimpethu, waphuma umphefumlo."* (IZenzo 12: 21)

Apha kweli bali sifumanisa okokuba yayingengobantu ababesenza imimangaliso kuphela ababeye banqulwe njengoothixo, koko nababacinezeli babekhe bakungcamle ukukhonzwa. Okwesibini apha kweli bali kufumaniseka okokuba ukuba uThixo Wayengambethanga ngokumtyisa ngeempethu uHerode afe, ngewayeqhubekile nokunqulwa ngabantu. Ngethamsanqa yena azanga akwazi ukuba abe njengabathile kuba wanqandwa kwangoko, engekabhekeli phi, wanqanyulwa. Noko kunjalo ke akuzanga kwenzeke njalo kwabanye, bona baqhubeka nokunqulwa njengoko kusenjalo nangoku Kwaba balandelayo:
UYesu Khristu[5]
uEzra, ekuthiwa ngunyana kathixo liqela elithile lamaYuda
uSilasi I, uthixo wamaRasta
uDingo Maradona umdlali webhola yenyawo wase Agentina
UShembe okhonzwa kwaZulu Natala nakwezinye iindawo ezilandela inkolo kaShembe njalo-njalo.
Ngoku ke uyazibonela ngokwakho ukuba bajikwa kanjani na abantu benziwe oothixo. UMbuzo wethu ngulo: "Ukuba abantu baseGreece ababeneenkolelo nabo babekunye noBharnabhas noPawulos eListra baye balahlekiseka yimimangaliso yooBharnabhas noPawulos, kubekele phi ke kuleyo yenziwa nguYesu. Ayingebi yiyo le nto yabangela ukuba baphele sele bemcingele ukuba unguThixo uSomandla loWo kungazange, kungekho, kungasokuze kubekho namnye olingana naYe naphi na,. Kude kube yiMini yoMgwebo?
Masiphinde: Ayikho indawo eBhayibhileni apho uYesu waxelela abantu ngendlela ecacileyo ukuba yena unguThixo, abantu mabakhonze yena. Yena uYesu waxelela abantu kaninzi ninzi ukuba mabakhonze uThixo Yedwa bangakhonzi omnye umntu. UThixo kwinkolo yeIslam ubizwa ngokuba nguAllâh, nguYe Yedwa uThixo ekukuphela kwaKhe Ofanelwe kukukhonzwa yaye AkangoYesu. UAllâh Uthi kwiNcwadi yaKhe eNgcwele:
"Inene abakholwa abo bathi: uAllâh nguMesiya, unyana kaMariya, kodwa uMesiya (ngokwakhe) wathi: **"Hini na Bantwana bakwaSirayeli! Nqulani uAllâh, iNkosi yam Oyinkosi yenu". Inene lowo wayamanisa amahlulelane kuAllâh, uAllâh Umalele ukuba angene ePaladesi kwaye kubenzi bobubi akuyi kubakho mncedi."** (iKuran eNgcwele 5 iVesi 72)

Kananjalo ngokubhekiselele kubathathu emnye (trinity), uAllâh Uthi: **"Inene abangakholwayo ngabo bathi: 'UAllâh Ungowesithathu kwabathathu". Ukanti akakho omnye uthixo, Mnye jwi uThixo (nguAllâh), kanti ke ukuba abayiyeki le nto bayithethayo, inene isohlwayo esibuhlungu siya kuhla phezu kwabangakholwayo phakathi kwabo."** (IKuran eNgcwele 5 iVesi 73)
Ngokungathandabuzekiyo uYesu yena akangoThixo engasokuze abe nguye, ngokuba ukuba wayenguThixo ngewayeyazi ukuba iya kuhla nini na iMini yoMgwebo. Akayazi njengabo bonke aBathunywa bakaThixo babengayazi. Kukubaxa izinto ukuthi uYesu

[5] Indlela elipelwe ngayo eli gama eBhayibhileni yesiXhosa ayanelisi ngokuba balibhala ngolu hlobo: Kristu. Kodwa baliphimisele ngokuthi 'Khrestu' qaphela u 'e' xa bembiza kodwa xa bembhala babhala u 'i', hayi u 'e' (ingaba ke ngoku nguKristu okanye nguKhrestu).



شبكة الألوكة - قسم الكتب

www.alukah.net

nguThixo yaye oko kuvela ekumncomeni nasekumdumiseni ngokugqithisileyo. Kungoko uMprofeti wethu uMuhammad, wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolo wayala abalandeli bakhe wathi: **“Ningabaxi ekundincomeni njengoko amaKhristu abaxayo ekuncomeni uYesu, unyana kaMariya, ngokuba mna ndisisicaka ngoko ke ndibizeni ngokuthi ndisisicaka sikaAllâh nomthunywa waKhe.”** (Bukhari Vol 4 Page 435 hadîth 654 )

IINTETHO ZOBUXOKI NGEISLAM

Phakathi kwamaAfrika athetha isixhosa kukho izinto eziliqela azithethayo ngeIslam ezingeyonyani konke konke kodwa ezi zinto zikholelwa ngamandla yaye akwaziwa ukuba ngubani na owafundisa amaXhosa amampunge anjalo yaye ezi zinto zezi zilandelayo:

AmaMuslim akakholwa kuYesu yaye ngabachasi Khristu

AmaMuslim akhonza ooyisemkhulu.

AmaMuslim akhonza izithixo ezingemo yemifanekiso eqingqiweyo.

AmaMuslim ayalila xa kuzelwe umntwana aze avuye xa kusweleke omnye phakathi kwawo.

AmaMuslim ngabenzi bemilingo, athakatha abantu.

AmaMuslim asebenzisa amanzi kwindlu yangasese ngenxa yokuba atshiswa yipepile aqhola ngayo ukutya kwawo.

AmaMuslim enza inkonzo yawo yebandla ngoLwesihlanu kuba athandazela imali ngenxa yokuba uLwesihlanu iyimini yokurhola kwabantu.

Okokugqibela, amaMuslim ayabatshisa abantu bawo ababhubhileyo.

Zonke ezi zinto aziyonyani konke konke yaye andizimiselanga kuhlomla nangenye kuzo ngaphandle kwale yokuba: “AmaMuslim asebenzisa amanzi kwindlu yangasese ngenxa yokuba atshiswa yipepile aqhola ngayo ukutya kwawo.” Uninzi lwabantu abathetha kanje idla ngokuba ngabantu abagculelayo yaye ayingobantu bakuthandayo ukufunda, bona basebenza ngento abave kuthethwa ngayo hayi abayibonileyo okanye abayaziyo nabayifunde ngokwabo.

Iyinyani kakade, ingeyiyo namfihlo into yokuba, sisebenzisa amanzi kwindlu yangasese endaweni ye‘toilet paper’ okanye enye into kuba amanzi la ngawo asisikhunculi kungcola esithembekileyo kunephepha. Xa iimpahla nezitya zethu zingcolile, asizosuli ngephapha elomileyo’ ukusuka apho sithabatha amanzi sizihlambe. Kuya kuthini ke ngoku ukuba sihlambe amazinyo ethu, iimpahla nemizimba yethu ngamanzi, zesisuke endaweni yokuhlamba sizosule ngephepha elomileyo endaweni yamanzi xa sifuna ukuzicoca iindawo zethu ezinqabileyo, sibe ngalo lonke elo xesha sifuna ucoceko lokwenene? Ingaba ilindle alingcolanga ngakumbi na kunezitya esiye sizihlambe ngamanzi xa sigqiba kutyela kuzo?

Kuza kuthini ke ngoku ukuba sisuse okona kungcola kwimiva yethu ngephepha, elingekhe likwazi ukusicoca ngokupheleleyo? Kungoko ke siququmbela ngokuthi akukho mntu unokusixelela nto thina maMuslim ngemfundo yezempilo, siyifumene yonke kwiimfundiso zikaMuhammad, wanga uAllâh angamsikelela amphumlise ngoxolo. Sigcina iinzipho zethu zimfutshane, siyazihlamba izandla zethu xa siphuma kwindlu



شبكة الألوكة - قسم الكتب

yangasese naxa siza kutya, siyabususa uboya obusemakhwapheni nobusesinqeni maxa onke. Yaye siqale sihlambe phambi kokuba sithandaze kuThixo. Yekabani ke enye inkolo ngaphandle kweIslam efundisa abantu ucoceko olunjalo emhlabeni? Ngapha koko iphepha libangela isifo seepiles (haemorrhoids). Undoqo kukuba iIslam isifundisa ukuba senze njalo thina sithobela yona ke.

Senza isimemo esisekuhleni kubo bonke abo baza kufunda le ncwadi ukuba bamkele inkolo yeIslam njengoko siyalelwa nguAllah, uZuko malube kuYe: **"Memela eNdleleni yeNkosi yakho ngobulumko nentshumayelo entle, uxoxe nabo ngendlela eyiyeyona ilungileyo. Inene iNkosi yakho Yazi kakuhle okokuba ngubani na olahlekileyo eNdleleni yaYo, yaye futhi Ibazi kakuhle abangabona bakhokelelekileyo."** (IKuran eNgcwele 16 iVesi 125)
Usengathi, mna ndilandela umama wam, utata wam okanye ookhokho bam, andinakuyamkela iIslam, kodwa kusekho ukuthi kanti usithela nje ngesebe lenkawu kuba unento ongayaziyo le yokuba ukuba ookhokho bakho babewunikiwe umyalezo weIslam ngendlela owufumene ngayo wena, ngebabeyamkele bona. Kodwa ke abazanga babe nalo ithamsanqa elahlela wena kodwa wena usabambelele kubo. Utshomi wakho, isikhundla okuso emsebenzini, abantu bakowenu, umfazi wakho, umyeni wakho, abantwana bakho, nombutho wakho akumelanga ukuba ezo zinto uzivumele zibe ngumqobo phambi kwakho wokukuthintela ungawulandeli umyalezo kaThixo ekunguYe esiza kuma phambi kwaKhe, siphendule ngezenzo zethu, emva kwayo yonke le nto.

Ngapha koko ke akukho nemali ehlawulwayo yejoyini kwabo bafuna ukwamkela iIslam, kwamkelwa wonke umntu, akukhathaliseki nokuba ungubani na, uvela phi, wenza msebenzi mni na, ufunde kangakanani na, erhola malini na. Akukho nenye kwezi zinto eza kukuba sisithintelo sokuba ube liMuslim ukuba uyafuna phofu wena.

UZuko lonke malube kuAllâh, iNkosi yobunganga, (Yena) Ukude lee kwezo zinto bazibalela kuYe. Uxolo kubaThunywa, neendumiso mazibe kuAllâh, iNkosi, uMlondozi wamaphakade.

www.alukah.net

ULUHLU LWEENCWADI EZISETYENZISIWEYO

Ngqoyiyana, I. 2008 I'Kur'ân eNgcwele Inguqulelo nengcaciso yesiXhosa. Islamic Da'wah Movement of South Africa, cape Town
National Book printers.1975 Incwadi yezibhalo ezingcwele.
Umbutho WeBhayibhile WoMzantsi Afrika, Goodwood Cape Town.

Khan, M. 1994. Sahih Bukhari. The Islamic University of Al-Medina Al-Munawara. Kingdom of Saudi Arabia.

Deedat, A. 1990. Muhammad (peace be upon him) the Natural Successor to Chritst (peace be upon him). Islamic Propagation Centre International. Durban.

Ngqoyiyana, I. 2005 Amasiko aseAfrika neenkolo ezatyhilwa nguThixo. Digital Printers & Book Sellers. Cape Town. South Africa.

Leedr S. 1912. Veiled Mysteries of Egypt. London,

Deedat, A. 1993. The Choice, Islam And Christianity, Volume One. Islamic Propagation Centre International. Durban.

Philips, B. 1996.The True Message of Jesus Christ. St. David's College, University of Wales, U.K.

---

1 Le mbali yokulandelelana kwabaProfeti ifumaneka kwiphepha lama 362-364 kwiGood News Bible njege - outline chart of history of the Prophets.

3 Oku sikufumana kwivesi 1 apho athi: "Zintanda, musani ukukholwa ngoomoya bonke, bacikideni oomoya ukuba ngabakaThixo na; ngokuba baninzi abaprofeti ababuxoki, abaphume bangena ehlabathini…" (UYohane 1 isahluko 4 ivesi 1-3) Apha siyabona okokuba umoya nomprofethi zizithetha nto nye…"

ISalâh ngumthandazo owenziwa ngamaMuslim, owenziwa ngokuthi kumiwe ngeenyawo, kugotywe, kuze kuqutyudwe iintloko phantsi.

Umfundi apha uya kuqaphela ukuba mna ndiliMuslim andiyivumi into yokuba uYesu wafa kwa ukufa oko, andikholelwa ekubeni nguYesu lowaa wayexhonywe emnqamlezweni emva koko wangcwatywa nguYosefu waseArmatiya. Mna ndithetha ngolu hlobo apha ukubonisa umbandela wokuba uYesu akazanga abe nguMprofeti wehlabathi, ngaphandle kokuba ngowamaSirayeli, eneneni ngamaKhristu aseRoma naseGreece eza nemfundiso yokuba uYesu nguThixo oze kubantu bonke.

Wajika ke wathi kuPetros, Suka uye emva kwam, Sathana, usisikhubekiso kum; ngokuba ungazinyamekeli ezikaThixo izinto, unyamekela ezabantu.

USirayeli zizizwe ezilishumi elinambini zakwaSirayeli yaye ezi zizwe zivela koonyana bakaYakobi owathi kamva wabizwa ngokuba nguSirayeli (IGenesis 32 ivesi 28) kodwa namhlanje baziwa ngokuba ngamaYuda.

Ihlabathi ngokwezinye iimvaba zobuKhristu ingakumbi abalandeli beecawa zobuPostile ngumntu ongakholwayo. Le yintetha nje yabo beyicawa yasePostile, ayisosiXhosa samkelekileyo jikelele. Akufanelanga ke ukuba xa kusithiwa uMuhammad nguMprofeti wehlabathi sicinge ngokwengqiqo



شبكة الألوكة - قسم الكتب

yobuPostile koko kufuneka sazi okokuba kuchazwa okokuba uMuhammad wayenguMprofeti owaye thunyelwe kuluntu lonke, emhlabeni wonke jikelele.

Qaphela indlela igama ‘thixo’ elipelwa ngayo, xa kubhekiswa kuThixo uSomandla eligama lipelwa ngonobumba omkhuku u‘T’ Bekufanele naxa kubhekiswa kuYesu ibe ngu‘t’ ongunobumba omncinane. Bubugwenxa nenkohliso ukupela uYesu ngo‘T’ kanobumba omkhulu kuba nabanye abaProfeti bakaThixo bapelwa ngoo‘t’ omncinane.

